

UKUMA ETHUBENI



Enkosi, Mzalwana Neville. Masime njalo nje okomzuzwana, njengokuba sithoba emthandazweni. Masithobe iintloko zethu. Kwaye ukuba kukho isicelo esikhethekileyo, ungasazisa nje ngokuphakamisa izandla zakho. Ngoku bamba entliziyweni yakho ezo zinto uzisweleyo, uze ucele uBawo waseZulwini ukuze Akunike zona.

² Bawo wethu waseZulwini, siza kuWe ngoku eGameni leNkosi uYesu. Siyeza, sikholwa ukuba izinto esizingwenelayo zimelwe kukwaziswa emthandazweni. Ukuba besinokukholwa ukuba siyakukwamkela oko sikucelayo, besiyakunikwa. Ngoku elo dinga liyinyani kangako. Yonke le minyaka, siKubonile sakulinga, kwaye siyazi ukuba Oko kuyinyaniso. Sifuna ukuKubulela, kuqala, ngokugcina ubomi bethu nokusivumela ukuba sibuyele apha kwakhona, kunye, sihlanganisane apha kwibandla leNkosi.

³ SiyaKubulela ngenxa yebandla nangenxa yomlungiseleli, nangenxa yeNyaniso enkulu esithi kuyo sakhe apha size siyimele. SiyaKubulela ngaye wonke umntu okuBukho obuNgwele. Kwaye siyaKucela ukuba ube nenceba kuthi, namhlanje, uze usiphe ukuqonda esikusweleyo, ukuze sibe sisicaka esilulutho ngokuthe chatha kuWe. Ngumnqweno wentliziyo yethu ukuKukhonza ngentlonelo nangentliziyo eyinyaniso, nokokuze Ufumane okona kungcono kubomi bethu. Yonke imihla, kwanga ukuhamba kwethu kungakokokuze Ukholiswe zizinto esizenzileyo ngaloo mini.

⁴ Ngoku sithandazela bonke abagulayo nabasweleyo, namhlanje, abakuBukho obuNgwele, apha, nakuBukho beendawo zaKho eziNgwele kuyo yonke indawo kwihlabathi jikelele, ukuze uYehova omkhulu eze emandleni aKhe aphilise bonke abagulayo nabaxhwalekileyo. Zuzela iGama laKho elukhulu uzuko! Sikelela yonke imfihlakalo esentliziyweni, kusanje, yezo zicelo zomthandazo. Siyathandaza, ngoku, njengokuba Ukhangele ngaphakathi kwintliziyo nganye ubona ukuba basingisele entwenini na njengokuba bephakamise isandla sabo. Ubanike iminqweno yabo. Kwaye sisikelele njengokuba siKudumisa sibheka phambili. Ukuze xa sishiya esi sakhiwo kusanje sisiya kumakhaya ethu, sanga singanokuthi njengabo babevela e-Emawusi, "Bezingavuthi na iintliziyo zethu ngaphakathi kwethu ekuthetheni kwaKhe nathi endleleni?" Sikucela oko eGameni likaYesu. Amen.

Ningahlala phantsi.

⁵ Ndingathanda ukuthi kokulunge kakhulu, kusanje, ukuba lapha kwakhona kwibandla labantu, kuBukho

beNkosi. Kwaye ziinyanga ezimbalwa ndibuyile. Kwaye kwiCawe ephelileyo bendinqwenela ukuhla, kodwa ndi—ndiyaqonda ukuba ibingeyiyo intando yeNkosi. Ngandlela ithile, lo mfula awunampilo kakhulu kum. Nje ukuba ndifike emfuleni, andivumelani nalo moya ulapha, kwaye ndisuka ndijaduke ndonke. Kwaye ndiyacinga ukuba ukujaduka kuhle kwaya kungena esiswini kum, ndaze ndagula kakhulu, nda... ndingcangcazela, ndishukuma, ndigodola. Kwaye andikhange ndikwazi ukuhla, nangona bendiphakamile ndazama ukuzinyanzela ukuba ndenze njalo. Kwaye ndi—ndiyazi ukuba ndi—nda... Umfula awunampilo kakhulu, kwaye awunampilo kwaye—kwaye andimelwanga kukuhlala kuwo.

⁶ Ngoku sifuna ukunika ingxelo, sibe nethuba elimnandi kwiinkonzo zeNkosi, phaya kwiindawo ezahlukeneyo zeli lizwe apho iNkosi isibizele ukuba silungiselele khona. Kwaye ngoku bendingalindele kuthetha kusasanje malunga nayo nayiphina into ethile, kodwa uMzalwana uNeville ufune ukuba ndi—ndibe nento endiyithethayo kangako ngokubakho apha kunye nabantu. Ngoko ndi... Uhleli enenceba kakhulu ekwenzeni loo nto, njengokuba sonke simazi uMzalwana uNeville. Kwaye siyamthanda uMzalwana uNeville. Ngoku, akukho mini endingacingi ngayo ngaye nenkosikazi yakhe nosapho, nabantwana bakhe, ndibathandazele. UThixo amnike amandla okuqhubela phambili, aqhubele phambili! Njengokuba sisazi, ixesha lethu liyaphela. Sisondele kakhulu e... yangomso, kangangokuba iZibane zangokuhlwa zanamhlanje. Kwaye ndi...

⁷ Usapho lwethu luphaya ngaphandle eNtshona. Sisahamba kakuhle sisonke. Ndaze ndabuyisa ndafumana ishumi elinesibini leeponti, ndabe ndalahlekwa lishumi kuzo okoko ndithe ndabuya. Kwaye uBilly Paul ubuyise ngeshumi elinesibhozo leeponti. Wabe uRebekah noSarah noJoseph, babuyisile emzimbeni bonke. Kakade, inkosikazi yam ayikhange ibuyise. Ngoko—ngoko bendingeke ndithethe loo nto apha phezulu, niyazi, ukuba ndimelwe kukugoduka emva komzuzwana. Ngoko ndi... Kodwa sibe ne—nelimnandi, ixesha elimnandi, kwaye sinombulelo kakhulu. Thina...

⁸ Akumnandanga ncam, ndicinge njalo, ukubuya, kodwa kukho into enye enkulu, izinto ezimbini ezibalulekileyo ebesizikhumbula, ekungekho ndawo iyene enokuthabatha indawo yazo. Into enye, abahlobo bethu abalapha, kunye nebandla. Akunamsebenzi nokuba ndiyaphi na, siyaphi na, sifumana abahlobo, kwaye siyabulela ngenxa yabahlobo bethu. Kodwa kukho into ethile ngabo bahlobo bahlala benamathelene nathi ebunzimeni bonke, kangangokuba kungabikho ndlela yakubeka enye into endaweni yabo bahlobo. Akunamsebenzi nokuba omnye umhlobo angayintoni na, akukho ndlela yokuba ungabeka nto endaweni yomhlobo

onjalo. Uyakuhlala uminxaniseleke kubo, nibanye. Kwaye thina, sikunye, sikhangele ukuBuya kweNkosi, njengokuba iintsuku zihamba. Kwaye kubunzima ukuzama ukucinga ukuba ninga . . . Aninakwahlulwa.

⁹ Kufika engqondweni yam iSibhalo endikholwa ukuba nguPawulos owasibhalayo, waze watsho kumaKorinte ukuthi, “Akukho nto ezikhoyo, akukho nto izayo, akukho magunya, nabuze, indlala, intshutshiso, okanye nasiphina isidalwa esikhoyo, nobomi, nokufa, obunokusahlula thina eluthandweni lukaThixo olukuYesu Kristu.” Indlela apho nokufa ngokwako kungasoze kubenako ukusahlula, ngokuba sihlanganiswe kunye entliziyweni, kobu budlelane bukhulu buseLizwini likaThixo. Kwaye nokufa ngokwako akusayi kusahlula. Siyakuba sihlangene kwinguNaphakade elikhulu, ngalo lonke ixesha nezigaba zexesha.

¹⁰ Ukuze ngoko abantwana . . . Kusasa, simelwe kukuya enkonzweni kakade. Kodwa naphina apho uya khona, akukho i . . . AsinguMnquba mncinane usekoneni. Kwaye kukho into ethile malunga nawo, ndi—ndiyakukhumbula ukuva laa ntsimbi incinane indala ndize ndi . . . ibetha phaya phezulu, ngentsasa. Kwaye ndiyacinga ukuba ayikhali ngeli thuba, ngokuba abakayibeki laa ndawo iphezulu ngokwangoku, ukwenzela intsimbi.

¹¹ Kwaye ngoko ukuhlangana apha kweseSibhozo neSitalato iPenn, apho kumashumi amathathu anesihlanu eminyaka eyadlulayo, ndiguqe apha kungxobhozo omdala, ukwakha inkonzo yam yokuqala, nendlela eyathi ngayo iNkosi uYesu yathetha nam ngaloo nto. Kwaye namhlanje imi apha njengesakhiwo sesikhumbuzo esincinane apha. Kwaye isitena nodaka, simi njengomfanekiso oqingqiweyo wesikhumbuzo. Kodwa ukuhla ukungena ngaphakathi entliziyweni yam, kukho umfanekiso oqingqiweyo wesikhumbuzo oyakuhlala okoko ndisenenkumbulo. Uyi . . .

¹² Kwaye into eyenza inkonzo ayisosakhiwo, ngabantu abahlangana phantsi kwaso ukuze banqule uThixo. Siyavuya ngenxa yezi zinto.

¹³ Kwaye ngoku ndicinge ukuba, mhlawumbi ngenxa yokuba ixesha lethu liphelile, sekukufuphi, kwaye—kwaye asinaxesha lininzi liseleyo, ndingathanda ukuba ndibe bunichazela ngento ethile eyenzekileyo. Ukuze ke ndiye ekwenzeni amakhasethi ngeli thuba ndilapha, ngokuba ndanithembisa nonke, 'yabona, ukuba nawuphi na umyalezo, umyalezo wekhasethi, uyakuqala uphume apha. Naku apho onke amakhasethi enziwa khona, hayi phaya phandle. Ngoku, uMzalwana uJim nabanye bayaphuma bawathengise enkonzweni, njalo njalo, kodwa loo nto ihlala iyinto ethile ephume apha kuqala. 'Yabona? Ungahlola

naphi na, uyakuyifumana. Sisithembiso sam eso kuni, kwaye kuyakuqhubeka ngolo hlobo ide iNkosi uThixo iyitshintshe.

¹⁴ Kwaye ndiyacinga ngoku ukuba abathengi bamakhasethi, abakwihlabathi jikelele, uMyalezo ophuma usuka apha, Ujikeleza igade lomhlaba. 'Yabona? Phaya ngaphandle ukuya kungena emahlathini nakwindawo yonke, Uya ngoshicilelo lwamazwi. Nokuya kubahedeni, ngobuninzi, ngeelwimi ezahlukeneyo ezininzi Otolikelwa kuzo. Ngoko ndifuna, ngeli thuba ndilapha, iNkosi ithandile, ukwenza amakhasethi amatsha. Kwaye mhlawumbi, ukuba umlungiseleli akananto ingumthwalo ngaphakathi entliziyweni yakhe ngokuhlwanje, ke, ndingathanda mhlawumbi ukwenza ikhasethi ngokuhlwanje.

¹⁵ Ukuze ke ndiye e-Arkansas ngomso, ukuze, okanye ngoLwesibini, gxebe, ngoLwesibini kusasa, ukuya kuncedisa kwingqungquthela phaya kunye naMakristu oBuzalwana beZizwe ngeZizwe. Ndiyacinga. . . Okanye mhlawumbi oko ndikubize ngendlela engeyiyo. Yinto enokuthanani malunga noBukristu boBuzalwana beSizwe. Andiyazi eneneni. Uxolo. Loo nto imbi kakhulu, akunjalo? [Kukho umzalwana othi, "AMakristu Amanyeneyo oBuzalwana."—Mhl.] Enkosi, mhlekazi. AMakristu Amanyeneyo oBuzalwana. Kwaye bendimelwe kukuba ndiyile, ukusukela ngeCawe ngoku, ukuya phambili. Kodwa ndibambe unamhlanje ndimgcinele uMnquba, ukuba ndibe lapha ezantsi. Kwaye ngoko—ngoko ndizakuphuma ngoLwesihlanu. . . Ingaba yiyo, mhlekazi, i. . . ULwesihlanu kungoko apho i—iinkonzo zivalwa khona phaya. Kwaye ndiyakuzama ukubuya ngokuhlwa ngoMgqibelo, ukuze ndibe lapha kusasa ngeCawe, iNkosi ithandile. Ndizakwenza elinye ikhasethi. Kwaye mhlawumbi ngamanye amaxesha, xa kuqhubeka ngoku, ndifuna ukwenza amakhasethi ambalwa ngaphambi kokuba sihambe.

¹⁶ Kwaye ngenene ndinyanzelela ukuya eBaton Rouge, eLouisiana, kuloo ngqungquthela. Ukuze ke—Ukuze ke ndibuye. Kwaye ndimelwe kukuhaba ngoko, nakanjani na, ndiye e-Anchorage. 'Yabona? Ukuze—Ukuze ukusuka eFairbanks nase-Anchorage, ukuya kuMadoda angooSomashishini abangaMakristu beFull Gospel, kuloo macandelo. Ndiye ndibuye. Kwaye ukuba iNkosi ithandile, ndinyuke ndiye eChicago ngeveki yokugqibela kuJulayi.

¹⁷ Kwaye ndiyaqonda ukuba ngoko, malunga neloo xesha, kuyakufuneka ndingxame abantwana ndibase e-Arizona kwakhona ukuze bangene. . . ndibabuyisele esikolweni phaya. Ngokuba, Charlie, ndimelwe ukuba ndibelapha ngoweshumi elinesihlanu ku-Agasti. Ngoko ndi—ndifuna ukubuya ngeloo thuba, iNkosi ithandile, ndihle ndingene eKentucky. Wonke umntu uyahleka, mhlawumbi ngabanye babaqala ukufika abangenakwazi ukuba ndithetha ukuthini na. Ndibuthemba

ukuba ayivakali imbi olo hlobo into esuka eqongeni, kodwa ngoko kuyakuba kuxa sekungene ixesha loonomatse basemithini. Ngoko, Mama Cox, ndixhomekeke kuloo nto, uyabona, ngoko okweveki ezimbalwa phaya ezantsi ukwenzela iholide.

¹⁸ Ngoku ndiyakholwa i...ndineNto ethile apha athe uBilly wandibhalela yona, izaziswana ezincinane. Kwaye esinye sazo sithe, "Tata, uMzalwana uNeville ufuna ukwazi ukuba ungabasikelela na abantwana ababini." Ngokuqinisekileyo, kuyakulunga nje. Kwaye, ewe, sine—sinenkonzo yonikezelo esiyi...Sisenokuthi kwangoku siyiqhube loo nto. Ukuze ke ndiyacinga ukuba siyakuba buthabatha le mizuzu ingamashumi amane anesihlanu ilandelayo, okanye into elolo hlobo, ekwaziseni ngokufutshane ezinye zezinto eziqhubekileyo.

¹⁹ Ngoku, abantu abaninzi namabandla, njengokuba xa ndi... Lo nguMnquba ovulekileyo. Awuzange ube lihlelo, kwaye uThixo makasiphe ukuba ungaze ube lilo, ungaze. Ngokuba, sifuna ukuba le ndawo kubelapho singena— namthetho koko iluthando, singenamgaqo koko inguKristu, singenancwadi yamixholo koko iyiBhayibhile. Ke ngoko, asinabulungu, sinobudlelane omnye nomnye, kubantu bonke, onke amahlelo. Wonke umntu wamkelekile kwaye sina— sinobudlelane ngeLizwi likaThixo, apho wonke umntu anokuziva amkelekile kangangoko enokuba nako. Kwaye umthetho oyintloko, sithanda nje iNkosi uYesu. Kwaye—kwaye asilo—loqela lifundileyo apha, singabantu nje abalula abazama ukufunda iBhayibhile size singabeki ngcaciso kuYo ngaphandle koko nje Ikuthethayo. Nje...

²⁰ Ndiyakholwa ukuba uThixo uyakuligweba ihlabathi ngenye imini ngeBhayibhile. Ngoko ukuba bona...Uyakuligweba ihlabathi. Kwaye ukuba akukho nto anokuligweba ngayo, bayakuthini abantu ukwazi ukuba bathini na? 'Yabona? Kuyakuba nguThixo...Awungeke ubeke ukungalungisi ku—kuThixo. Kwaye uThixo umelwe kukuba nento ethile engummiselo waKhe, Agweba ngayo abantu. Ngoko ke ukuba Uligweba ngenkonzo yamaKatolika yaseRoma, ngoko ibandla lamaGrike, amaKatolika e-Orthodox, namaninzi kulawo, alahlekile ngokuqinisekileyo, nalo lonke ihlabathi liphela. Ukuba Uligweba ngebandla lamaKatolika amaGrike e-Orthodox, engaligwebi ngenkonzo yaseRoma, ngoko enye le... Ngoko inkonzo yaseRoma nezinye zonke zilahlekile. Ukuba Uligweba ngenkonzo yamaLuthere, ngoko amaPresbhithari kuphelile ngawo. Ukuba Uligweba ngamaPresbhithari, amaLuthere namaBhaptizi kuphelile ngawo. 'Yabona? Ngoko ukuba Uligweba ngobuPentekoste, ngoko konke okungaphandle kobuPentekoste kuphelile ngako.

²¹ Kodwa Akasayi kuligweba ngayo nayiphi na inkonzo kolwam uluvo, ngokuba zininzi iiyantlukwano

nokudideka kuninzi. Kodwa Uyakuligweba, iBhayibhile ithi, “Uyakuligweba ihlabathi ngoYesu Kristu.” Ngoku, oko kungokweSibhalo. Ngoku. . . Kwaye iBhayibhile itshilo ukuthi, “Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, uLizwi waye ekuThixo, kwaye uLizwi wayenguThixo. ULizwi waba yinyama wahlala phakathi kwethu.” “Isekwanguye izolo, namhlanje, nanganophakade.” Ngoko, Yena uliLizwi, kwaye *Le* nguKristu ekwimo yombhalo. Kwaye encwadini ye-Apocalypse eya kumaKatolika, iSityhilelo esiya kumaProtestanti, kwisahluko sama-22 xa le Ncwadi yayigqityiwe, uYesu wathi, ngokwaKhe, “Ukuba umntu uthe wasusa iLizwi lalinye kule Ncwadi, okanye wongeza iLizwi kuYo; loo mntu, isabelo sakhe, siyakususwa kwiNcwadi yoBomi.” Ngoko mna. . . Isizathu sokuba sikholwe kule nto, size sihlale ngolo hlobo kanye. Akukho nto. . . Angazenza izinto Angazibhalanga apha, siyayazi loo nto. Kodwa okoko nje sihleli noku oko Wakubhalayo, loo nto ilungile.

²² Ke ngoku ekusikelelweni kwabantwana abaninzi kubantu, amaWisile ayabafefa. Kwaye—Kwaye ndicinga ukuba bawuthabatha umthendeleko wabo wokuqala kwibandla lamaKatolika, okanye amaLuthere, bemalunga neshumi elinesibini leminyaka ubudala, kube luhlobo oluthile le—lenkonzo yobhaptizo xa bezalwa. Ndi—Ndinga ukuba iintsana ziyafefwa. Kwaye—Kwaye ndicinga ukuba yiloo nto eyaqhekeza ubuNazarene kubuWisile, kwiminyaka emininzi eyadlulayo, ubhaptizo lweentsana. Ndiyacinga ukuba kunjalo, Mzalwana uBrown. Ndi—Ndi—Ndiyakholwa ukuba yiloo nto eyaqhekeza ibandla lobuWisile nobuNazarene, kuba amaNazarene ayengalwamkeli ubhaptizo lweentsana. Kodwa kuthi apha eMnqubeni, ukuba sizakuhlala noko kuthe kwathethwa yiBhayibhile, akukho ndawo eBhayibhileni apho bakhe bafefa umntu khona, hayi ke lona usana, akukho nomntu omdala. Kodwa bona. . . IBhayibhile ithi, indawo ekuphela kwayo yabantwana eBhayibhileni, “Bezisa iintsana kuYesu, waze Yena. . . ukuze Abe nokubeka izandla zaKhe abasikelele.” Kwaye Wathi, “Bavumeleni abantwana beze kuM, ningabaleli, kuba uBukumkani bamaZulu bubobabo banjalo.”

²³ Ngoku, ngoko ke, siyazi ukuba sizizandla ezilusizi, umlungiseleli kunye nam, okanye nawuphi na omnye umlungiseleli, ukuthabatha izandla zeNkosi uYesu. Kwaye ukuba Yena ebelapha kusanje, aba bazali bebeyakuzisa iintsana zabo kuKristu. Kodwa ngenxa yokuba silapha ngokumela Yena, ukuze siMmele, bazisa abantwana babo kuthi. Kwaye sibanikela eNkosini, ngokubeka izandla zethu phezu kwabo, ekukhumbuleni iLizwi elikhulu laKhe nesenzo saKhe. Ngoko nantso indlela esinikezela ngayo abancinane.

²⁴ Bendinga ukuba mhlawumbi umama othile usenokuba ulapha enosana lwakhe olungazange lunikezelwe eNkosini, ukuze abe ufuna ukuza kunye naba mama okanye aba

tata bayakuba benikezela abantwana babo. Sibazisa nje apha sibanikezele kuThixo, sithandaze phezu kwabo, sixelele iNkosi ukuba sibeka izandla zethu phezu kwabo, nango—nangokumela ngandlela ithile ezaKhe. Kwaye oko kusondele kakhulu eSibhalweni ngangoko sendikhe ndakufumana. Ngoku, usenokufumana incwadi yakho yemixholo ufumanise into ethile elathi iqela elithile lamadoda layithetha, kodwa ndithetha oko iLizwi lakuthethayo, uyabona. Ngoku ndiyacinga ukuba ndikwenze ngenene, ngenene kwacaca okuyiyo.

²⁵ Ngoku ukuba umbethi-piyano (Ingaba nguwe umbethi-piyano, mzalwana?) angenyuka eze apha. Akumangalisi oko, ebandleni elilelam, ndibuze, “Ngubani umbethi-piyano?” Ndingaphantse kufuneke ndinkqonkqoze emnyango. Kulungile. Bayalricula eli culo lincinane, okanye balidlale.

Bezise, bezise,
Zisa abancinane kuYesu.

²⁶ Kwaye ngeli thuba ibandla lilricula, masime ngenyawo zethu. Mabathi omama nootata abo bezisa abancinane babo, beze ngoku beme. Kulungile.

Bezise, bezise,
Zisa abancinane kuYesu.

Ngoku, mlungiseleli... Ngoku sinomncinane—nomfo omncinane apha oleleyo. Kwaye ngamanye amaxesha bayabenza oo”amen” babe bungxola, ngoko siyayiqonda loo nto, baziintsana. Ngubani igama lakho, mhlekazi? NguWilliam Henry Vincent. Intombazana yakho encinane? NguChristina Maria Vincent. Ngumfo omncinane othandeka kangakanani lo unqengqwe kwi—kwiqalaba likayise. Ndingamthabatha? Christina, ndingammela utata wakho, ’yabona. Masithi... Ungazibeka izandla zakho phezu kolu sana.

Masithobise iintloko zethu.

Bawo wethu waseZulwini, sisondele kwiTrone yaKho, ukuze namhlanje, phezu ngaphesheya, ukholo lwethu lusinyusela ngaphaya kwenyanga, iinkwenkwezi, ngaphaya kwezinto ezisebenza ngelanga, ukuya kungena kuBukho bonamandla Onke. Sizisa lo mntwana umncinane uthandekayo. Asazi ukuba siphethe ntoni na ngengalo, Nkosi. Isenokuba sisicaka esikhulu saKho, kwimihla eyakuza. Siyathemba ukuba kunjalo. Kodwa uyise walo mntwana uzise lo umncinane kuthi, ukuze sibe nokubeka izandla zethu phezu kwakhe. Njengokuba, sivumile ukuba sizizicaka zaKho ukuze sisebenze endaweni yaKho ude Ubuye, ngoko thabathela kuWe zonke izinto. Kude kube ngoko, Nkosi, siyakuKukhonza ngokuba nenyanani nangokunyaniseka.

Kwaye izandla zethu zibekwe phezu kwale ntombazana incinane, siyayisikelela eGameni leNkosi uYesu Kristu. Sithemba ukuba Wena uyakuyinika ubomi obude, ukuba uYesu akakabuyi, kwaye yanga ingasisicaka esikhulu kuWe.

Sikelela ikhaya eyakukhuliselwa kulo. Yanga ingakhuliselwa ekuhloneleni uThixo, ukuze iMkhonze zonke iintsuku zobomi bayo. Sikelela abazali bayo, kwaye banga bangaphila ukuze bambone lo mntwana esiba sisitya sembeko eNkosini, ngenxa yesenzo sabo namhlanje, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

[Yindawo engenanto le ekhasethini—Mhl.]

Amashumi amathathu eminyaka eyadlulayo, ndimi kumnyango wesikolo apha phezulu kwi-Utica Pike, ndandisazi phi ukuba laa nkwenkwe incinane siyikhangelene omnye nomnye, ukuba ngenye imini ndingabeka izandla zam phezu komzulwana wayo, ukuba ndimnikele eNkosini uThixo weZulu. Yamkela uJohn omncinane kusanje, Nkosi, njengesicaka saKho. Unina noyise bamzise ngobukroti, ukuza kubuyisela kuThixo oko kunikezwe kukhathalelo lwabo. Kwaye banga bangaphila ubomi obomeleleyo ngokwasempilweni namandla, nokuzimisela, kuKristu. Ngoku sinikela kuWe le nkwenkwe incinane, eGameni likaYesu Kristu, njengobomi benkonzo. Yanga ingaphila ithuba elide, ukuze ikuKhonze.

Ingaba le ntombazana incinane seyinikezelwe? Ngubani igama layo, nguKalra.

Ngokunjalo, phezu koKarla omncinane, sibeka izandla zethu, kusanje, simnikezela enkonzweni kaYesu Kristu. Thixo, msikelele. Wanga angaphila ithuba elide, ubomi bolonwabo. Wanga angasisicaka kuWe, yonke imihla yobomi bakhe. Siphe oko, Nkosi. Sikelela ikhaya lakhe. Malihlale njalo liyindawo yomthandazo nokholo. NdiKunika le ntombazana incinane ithandekayo, kusanje, ngokusuka ezintliziyweni zoyise nonina abemi kwesi sibingelelo sincinane, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

[UTata uthi, “Igama lakhe nguJames Pool.”—Mhl.]
Yinkwenkwe encinane. Ithiywe ngoJim. [“Ewe.”]

Bawo wethu waseZulwini, uyise waba bancinane ubambe ngoku ezingalweni obo kugqibela ubutyebi obuncinane Owathi wamnika bukwimo yomntwana, wamthiya ngoyise, uJames. Thixo, siphe ukuba abeyindoda enobulumko njengoJames naseBhayibhileni. NdiyaKuthandaza ukuba umnike ubomi obude, obunempilo, Nkosi. Kwaye wanga angakhula, ukuze ukuba kukho ingomso, umenze apha the iLizwi likaThixo. Siphe oko, Bawo. Ekukhumbuleni oko uYesu Kristu iNkosi yethu wakwenzayo ngethuba Wayelapha emhlabeni, ndibeka izandla zam phezu koJames Pool omncinane ndimnikezelela inkonzo kaThixo. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

Akusikelele, James! Asikelelwe lo umncinane!

Inkwenkwe encinane; mabini ngoku. Uthi ke? UJerry Dean Allen.

Nkosi Thixo, phezu kwentloko yale nkwenkwe incinane, uJerry Dean Allen, zanga iintsikelelo zikaYesu Kristu zingaphumla. Njengokuba sibeka izandla zethu phezu kwakhe, njengokuba sinikezela obu bomi butsha kuWe. Sikelela ikhaya lakhe, abazali bakhe. Kwaye wanga angaphila ubomi obude, ubomi bolonwabo benkonzo kuThixo wethu noThixo wakhe, Lowo simnikela kuye ngoku, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

Usikelelwe, omncinane!

²⁷ Ngoku, ndiyacinga ukuba kusondele—kusondele—kusondele ekwenzeni oku ngoku. Ngoku singethuba kanye, intsimbi yeshumi elinyanye entloko. Ngoku, yazi, ndiyaqikelela nje, ndibona abo mama besiza, nootata, nezo ntsana, ndingacinga ngoYosefu noMariya, ngentsasa yokunikezelwa kweNkosi uYesu.

²⁸ Mzalwana Kidd bendinodliwanondlebe oluncinane nabathile e-ofisini, kodwa ndi—ndive ukuba nomdla kwakho kusanje apha phandle, nge—ngendoda elingana nawe ngobudala. Ndiyacinga ukuba ubuchaza ngendlela iNkosi eyakuphilisa kwi...kwisihlwele. Kwaye ndiphantse ukuyikrazula inqwelo yam, ngenye intsasa, ukuze ndifumane omdala... Ungumlungiseleli omdala.

²⁹ Cinga nje, le ndoda, inkosikazi yayo encinane apha, yayishumayela iVangeli ngaphambi kokuba ndizalwe. Ishumayela le Vangeli, phezu kwayo yonke intaba nemifula yaseKentucky naseTennessee, kunye nabasebenzi bemigodi yamalahle, ileqwa. Kwaye baphila bengenayo nento yokudla. Ukuze le nkosikazi incinane ilapha, ihlamba impahla phezu kweplanga lokuhlambela, isebenzela malunga namashumi amabini okanye amathathu eesenti ngemini, ukuze ithumele umyeni wayo entsimini ukuya kushumayela iVangeli. Loo nto yanele ukumenza umntu abe nomdla, ayinjalo?

³⁰ Ukuze ngoko ukucinga, ukuba nantso ilele apho, xa abona gqirha bangcono bathi, “Uyafa. Usindekile, umhlaza ukuye wonke. Akanakuphila ngaphezu kweeyure nje ezithile, ngeliphandle usuku nje okanye ezimbini.” Kwaye kwakukwiminyaka emibini okanye emithathu eyadlulayo ngoko. Kwaye nguye lo, kusanje esempilweni, ephilile, enika uThixo uzuko. Ngoko wawunobudala obungakanani ukuphiliswa kwakho, Mzalwana Kidd? Yayibubudala obumalunga phi xa uThixo...Mdala kanganani, yena ngoku? [Udade uthi, “Ngamashumi asibhozo anesibini.”] Amashumi asibhozo ane...[Udade uthi, “Ngamashumi asibhozo anesithathu ngo-Agasti—Mhl.] Kulungile. Wayemalunga namashumi asibhozo eminyaka ubudala ngethuba uThixo wamphilisayo. Ngoku ingaba uThixo usikhathalele thina bantu badala? Ngokuqinisekileyo, Usikhathalele. Ewe, mhlekazi!

³¹ Wamphilisa u-Abraham xa wayenekhulu leminyaka ubudala, wabe uSara enamashumi alithoba. Baze bavelisa u-Ishmayeli, okanye, uxolo, u-Isake. Ingaba kunjalo? Sivuya kakhulu ngenxa yoku.

³² Ngoku nilunge kakhulu, ndinokuthetha nani intsasa yonke kanye ngolu hlobo. Kodwa masifunde nje elinye leLizwi elithandekayo size ke siye ngqo enkonzweni. Ngoku, ndiyacinga, ukuba kube yintando kaThixo, ndingathanda ukunivelisela kwizinto ezithe zenzeka. Ukuze ngokuhlwanje, ukuba iNkosi ithandile, ndifuna ukuthetha nge—ngengongoma. Ndifuna ukuyishicilela, okona kubalulekileyo, ukuze iphume. Iyi... Kwaye ukuba nifuna ukuza kuphulaphula, kulungile. Emva kokuba umlungiseleli egqibile ngomyalezo wakhe, ngoku ndiyakuba nowam...Ndizakwenza eli khasethi. Ndifuna ukulishumayela nge*Sibane Esibomvu Esidanyazayo Sokuza Kwakhe*. Ukuba esinye sezibane ezidanyazayo siphezu kwethu khona ngoku! Kwaye ndifuna ukuthetha ngaloo nto ngokuhlwanje, isibane esidanyazayo esibomvu saKhe. Ulapha, kungokuba ekwisandla sokunene kanye ngoku. I—Isibonakaliso sivelile, uloliwe usemgaqweni.

³³ INumeri isahluko se-16, kuni nina bantu niyakuthanda ukuyityhila nifunde. Eli liLizwi elinguNaphakade, ngoko masilifunde ngentlonipho. Ndifuna ukufunda iivesi ezimbini zeNumeri 16, eye-3 neye-4 ivesi, ukuze sifumane isandlalelo esincinane koko ndifuna ukukuthetha.

³⁴ Ke ngoku, ukuba amakhasethi akafakwanga, ndinqwenela ukuba bangawavulela ngoku. Okanye ni walungiselele ukuba le nxalenye ibe nako ukuba ithunyelwe ngaphandle. Oku kuya ngaphandle. Ukuba niyafuna, ningazilungisa izishicileli, mazwi zenu apho ngaphakathi ukuze le nxalenye ibe nokwahlulwa kwenye le inkonzo? Niyabona, le yi—yinto entsha. Ngoku, ukuba ningayinqumlela kanye kule ndawo, okanye nantoni na eniyenzayo, kulungile, ukuze si...Ningathanda ukuba ndiyimise okomzuzwana nje, ndize ndiyivulele kwakhona, khon'ukuze ininike isiqendu sokuba nazi ukuba niyakuyiqala ndawoni na, okanye ninganakho ukuqala apha nakanjani na? Niqalisa nakanjani na? Kulungile. Ilungile loo nto.

³⁵ Ngoku sizakufunda kwiNumeri 16:3 ne-4.

Babizelana ndawonye ngoMosisi nango-Aron, bathi kubo, Nisananeleni na, ngokuba lingcwele lonke ibandla, bonke bephela, uYEHOVA uphakathi kwabo: Yini na nina ukuba niziphakamise phezu kwesikhungu sikaYEHOVA?

Weva uMosisi, wawa ngobuso:

³⁶ Bawo wethu oseZulwini, sikelela la Mazwi ambalwa. “Kwaye kwanga ukucamanga kwentliziyo yethu, iziqhamo

zemilebe yethu, zingamkeleka phambi kwaKho.” EGameni likaYesu siyathandaza. Amen.

³⁷ Ndifuna uku—ukuthabatha oku njengetekisi, yoko ndinqwenela ukuthetha kona kusanje: *Ukuma Ethubeni*.

³⁸ Ngokweli xesha sithetha ngalo, okanye sifunda ngalo, kakade, siyaqonda sonke ukuba kwakungethuba apho uDatan no—no—noKora babegqibe ukuba—ukuba bayakungenelela ku—kumcimbi awathi uThixo wawunika uMosisi, besithi, “Umelwe ukuba ulivumele lonke ibandla lenze *oku noku*. Bangcwele bonke.” Waze uThixo wabe emyalele uMosisi ukuba akhokelele abantu kwilizwe ledinga. Baze bathi, “Uthabathela kuwe ukwenza okuninzi kakhulu. Wena, uzama ukuzenza ukuba ungokuphela kwakhe kweli qela o—onento ethile yokuthetha.”

³⁹ Yaye le nto ayizange imkholise uThixo kangangokuba wade Waxelela uMosisi, “Zahlule uzisuse phakathi kwabo. Ndi—Ndiyakusuka nje—Ndiyakusuka nje ndilibulale lonke eli qela, ndize ndiqale isizukulwana esitsha ngawe.” Waze uMosisi wawa Phambi koThixo wathi Umelwe kukuba anqumle phezu kwakhe. ‘Yabona?’

⁴⁰ Ngoku, namhlanje, ukuba uThixo ebezakubatshonisa abantu, kube kukho ixesha xa uThixo wathi wadinwa kukusokoliswa sisono sethu, sihleli silahleka njalo, ngubani onokuma njengoMosisi, namhlanje, emela abantu? Singamfumana phi umntu onokuma, okanye onganako ukuma, anokuthi uThixo amamkele njengokuba Wenzayo kuMosisi? Kwaye ubomi bukaMosisi buqu emhlabeni babuthetha lukhulu ngolo hlobo kuThixo bade bawuthomalalisa umsindo kaThixo, kwaye uThixo wayengenakunqumla phezu koMosisi. Loo nto yayihleli indidida ndade... Ngenye imini, esityhilelweni seSibhalo, kwafika le ngcinga kum. Ukuba, uyabona, uMosisi, ekwenzeni, ngayo yonke indlela wayemele okuthile. Wayengumzekelo kaYesu Kristu.

⁴¹ Kwaye ngethuba uThixo wayezakuthabatha uBomi behlabathi lonke, alitshabalalise, nabo bonke aboni, begwetyelwe ukufa, uKristu wasifela sonke. Kwaye uThixo wayengenakunqumla phezu koKristu, enguNyana OngowaKhe. Ke ngoko uYesu waZinikela ngokukhululekileyo, ukuze Abe nokuhlawulela indlela ngoko ukuba... uMosisi ngewayengayenzanga loo nto. UMosisi wayengenagazi lingelilo igazi lomntu, njengokuba sinjalo thina. Ngoko, ngoko ke, igazi lakhe lalingenakuba lilo, lalingenakwanela. Kodwa uYesu eliGazi likaThixo ngokwaKhe, iGazi elidaliweyo likaThixo, uThixo wavele waxolela uluntu luphela ngoko, esonweni, ngokuba sasibekwe sonke phezu kwaKhe. Waze Waya eKalvari wafa waphela, Phambi koThixo, weva ubunzima. Waze waphoselwa esihogweni, ngokuba Wayesisono, wazithabathela phezu kwaKhe izono zethu. Kwaye apho ke e—engosithwalela

umthwalo, wathabatha izono zethu waya nazo e—eKalvari, ukusuka eKalvari waya esihogweni; waze uThixo waMvusa ngomhla wesithathu, ukuze abe sisicamagushelo sezono zethu.

⁴² Kwaye namhlanje nguYe kuphela umxolelanisi phakathi koThixo nomntu, kwaye sikhululekile sacanyagushelwa saxolelwa. UThixo akazi nokwazi ukuba sakhe sona. Izono zethu zabekwa kuLwandle Lokulibala, ukuze zingabuye zikhunjulwe kwakhona. Asinakuyenza ngokwethu loo nto; sinesiphelo. Yena akanasiphelo. Kwaye ukuba nesiphelo kwethu, singanako ukukhumbula, ngokuba asikho bakhulu ngokwaneleyo. Kodwa Yena mkhulu ngolona hlobo kangangokuba Uyalibala nokulibala ukuba sakhe sona. Singoonyana neentombi, Phambi kwakhe. Kwaye zonke izinto Awayezizo, sizizo. Waba sisono sam, ukuze ndibe bubulungisa baKhe. Waba sisono sakho, ukuze okwakho...Yena...wena ube bubulungisa baKhe. Ngoko uThixo akanakubona sono kuwe okoko nje uvumo lwakho lukuKristu Yesu.

⁴³ Umntu othile wathi, ngethuba elithile eladlulayo, wathi, “Ukuba bendikholelwa into elolo hlobo, bendiya kuqhubela phambili kanene! Bendiyakusela mpela. Bendiyakuya kulo lonke iholo lomdaniso. Ndinganxila, nayo yonke into, ngokuba, . . .”

“Ngoba?”

“Sele ukhuselekile kakade kuKristu. Kwenza wuphi umahluko?”

⁴⁴ Ndathi, “Okokubonisa ukuba awunayo.” ‘Yabona? Ukuba uthando lukaThixo luthe lwayichatha intliziyo yakho, ekuthambeni kukaYesu Kristu, unguMthanda kangako, ihlabathi lingafa, njengesono sakho. Nantso indlela owazi ngayo ukuba unawo na uMoya oyiNgcwele. Akukho ngenxa yokuba unokukhala, ukhwaze, uthethe okanye iilwimi, nokuba yintoni na. Kodwa xa isono sifayo, uze uphile kuYesu Kristu. Owu, uthando lukaThixo, lutyebe njani, lusulungeke njani!’ Yabona?

⁴⁵ Ngoku apha eLouisville, eKentucky, kungekudala kwixesha elidlulileyo, umlungiseleli wayethetha, ngokuba kwakukho i—inenekazi eliselula. Laye lilinde ithuba elide ebomini ukuba litshate, likwisithuba esithile malunga namashumi amabini anesihlanu, amashumi amathathu eminyaka ubudala. Kwaye lalilihle, liyintombi yoMkristu ongqongqo. Kwaye kukho indoda ethile eLouisville eyayingenjalo, yayingazange iphile ubomi obulunge olo hlobo. Yayihambe yangena emidanisweni nakwizindlu zokonwaba ezisecaleni kwendlela, njalo njalo, kodwa ngenye imini yafumana ukuxolelwa ngenxa yesono sayo yaze—yaze yanguMkristu wenene, uMkristu ongqongqo ngenene. Malunga nonyaka emva koko, yathandana neli nenekazi liselula, laza inenekazi eliselula lathandana kakhulu nayo. Baze batshata.

46 Kwaze emva kokuba behleli ixesha elide malunga neminyaka emibini, elo nenekazi liselula lathi kumyeni walo ngenye imini, lathi, “Sthandwa, ndicinga ukuba kukho ubunzima obuthile kuwe, unguMkristu osemntsha nje,” lathi, “ndibe nguMkristu ukusukela ngoku ndandiyintombazana encinane.” Kodwa lathi, “Kuwe, uMkristu oselula, ukuba ube nokumelana nako konke u—u—ukuxakeka nezilingo eziqhubekayo emva kokuba uthe—uthe wona ixesha elide kangaka.”

Waze wathi yena, “Ke, kuba lilo idabi.”

47 Lathi, “Ndifuna ukuba ukhumbule into enye, ukuba ukuba utshaba luyakuphazamisa kwindawo ethile, uze uwe ubuyele esonweni, musa ukuhlala ungabuyeli ekhaya. Ndifuna ukuba ubuyele ekhaya.” Lathi, “Uyakufumana ekhaya kwala nkosikazi inye wayitshatayo.” Laze lathi, “Ndiyakukunceda ndikuthandazele ubuye, ndithandaze ndiphumele, ubuyele kuThixo kwakhona.” Lathi, “A—A—A—Andifuni ukuba umke.” Lathi, “Khangela, ndakutshata phezu kwesiseko hayi sokuba wawuyintoni na, koko ndakutshata ngenxa yokuba ndandikuthanda.” Laze lathi, “Akunamsebenzi nokuba wenze ntoni na, ndisakuthanda. Ndakutshata ngenxa yokuba ndakuthandayo.”

48 Yaze loo ndoda ngaloo mini yaya emsebenzini, yaviwa iyiphinda loo nto e . . . kwindawo apho isebenza khona. Yathi, “Ngoku, ingathini indoda ukwenza nantoni na ephosakeleyo ngokuchasene nento elolo hlobo?” Xa umfazi, omthanda ngolo hlobo, kungakhathaliseki nokuba wenze ntoni na, wayelungele ukumamkela amthabathe kwakhona, aze azame kwakhona. ‘Yabona? Oku kubonisa . . . Ngoku, phinda phinda oko ngesigidi sesigidi uze ke ube naw’umbono wokuba uthando lukaThixo luyintoni na. ‘Yabona?’

49 Ukuba xa umntu ethandana noYesu Kristu, izinto zehlabathi . . . Xa ucinga ngokuba Wakwenzela ntoni na ekukhanyeni kweSibhalo, hayi ekukhanyeni kwemihlali ethile, kodwa ekukhanyeni kwezinto eziyinyani, kuyintoni, ngoko apho kukho into eyenzekayo kuwe ngaphakathi. Xa uZalo oLutsha lufika isono sife ngokwenzulu zobusuku. Okoko nje oku kuKhanya kungaphakathi kuwe, bungathini ubumnyama ukukhanya? Abunakuyenza loo nto. Yiloo nto awathi uThixo wayenza kumntu omnye owazimisa ethubeni, owaba nokulithabatha idinga. Kwaye uMosisi engu— engumzekelo wolu Qobo, kungoko uMosisi wema ethubeni ngenxa yabantu.

50 Ngoko ndiyamangaliswa, ngalo mhla oku kuyekelela, ukunqena, kwisigaba esithambileyo saseLawodike esiphila kuso. Siyazi sonke, kwaye sizifundile *Izigaba Ezisixhenxe*, ukuba siphila kwisigaba sexesha lokugqibela, iSigaba seBandla laseLawodike. Kwaye esi sinqenayo, siyekeleleyo, sizingul’ichele, siqhula, sizele zizono isigaba senkanuko esiphila

kuso ngoku, kuyamangalisa ukuba uThixo angasuke nje athi, “Uyawumva, bandla, Ndizakulitshonisa liphele lonke eli qela.” ‘Yabona? Sisigaba sexesha esinjani esiphila kuso! Kwaye uyakuyenza loo nto ngolunye lwezi ntsuku, kanaanjalo. Siyazi ukuba oko kuyeza. Akusayi kubakho kugcinwa kwale nto, kwaYena, kakade, Othile wafela abo babefuna ukusinda. Kodwa Uyakubathatha abo babekho, okanye bamamkeleyo uKristu babangaMakristu, bayakukhutshwa kwingqumbo. Kuba, ngoko Wayengenakuyenza loo nto; kwakungekho ndlela yakuyenza ngesha likaMosisi.

⁵¹ Ngoku kwiNcwadi yeSityhilelo, xa sifika kwiSigaba seBandla laseLawodike. KwiZityhilelo, isahluko se-3, iBhayibhile itshilo ukuba esi sigaba, isigaba sexesha laseLawodike, sisi”yimfama.” Yathi, “Ngokuba uthi ‘ndisisityebi,’ uthi u ‘sisisityebi,’ yaye u ‘zityebisile ngezinto’; amabandla angawona makhulu, abona bantu banxibe ngokungcono, okona kukhulu kwakhe kwakho nakwesiphi na isigaba.’ Ngokuba uthi, ‘Andiswele nto.’ Ube ungazi ukuba ulihlwempu, ulusizana, uludwayinge, uhamba ze, uyimfama, ube ungayazi loo nto.”

⁵² Ngoku ukuba umntu wayekule meko, ube unokumxelela imeko yakhe, ebenokuzama ukuzinceda ukuba—ukuba ebephilile ngokwasengqondweni. Kodwa xa ekulo meko ube ungenakumxelela mahluko, akakholelwa nje ukuba uhamba ze, akakholelwa ukuba ukweso simo, ngoko oko kubonisa ukuba uyimfama. UThixo weli hlabathi uwamfamekisile amehlo abo bala ukukhonza uKristu, kwaye ba... bamfameke kangangokuba abawuboni umqondiso esiphila kuwo, iyure, ixesha esiphila kuyo. Kwaye khumbula, ubesele ekho Lowo umi ethubeni, kwaye akukho mntu wumbi unokuma. Umelwe kukuthi mhlawumbi wamkele oko, elo chiza, kungenjalo utshabalele.

⁵³ Ngoku, ngoku kuthi ukusondela ngoku kule nto ndifuna ukuyithetha. Singamelana... Ngoku ndiyazishumayeza, ngale nto. Singanako ukumelana nomntu oyimfama, oyimfama ngokwasenyameni, size sazi ukuba uhamba uya ngaseliweni, singathi kweyethu—kweyethu imeko yengqondo epheleleyo, le sikuyo kusanje, singanako ukumelana nokubona umntu oyimfama ehamba esiya eliweni, eyimfama, size singazami ukumyala? Kungaba, apho, kukukhohlakala okugqithileyo. Singangabantu abangenakulunga ezintliziyweni zethu. Ungayiqikelela loo nto, umntu enokungalungi okunjalo ade mhlawumbi afune ukuhleka, aze abone umntu oyimfama, ongenakubona engenakuzinceda, ehamba nje ngabom ukuya eliweni? Ingayinto e—embi leyo; angabinanto ayenzayo ngaloo nto.

⁵⁴ Ke, kubazalwana bam, ehlabathini jikelele, ndifuna ukwenza esi sivumo. Ndi—Ndikuthetha ngokuthobekileyo oku,

oko kumalunga nento nje ebendiyenza, okanye ebendilungiselela ukuyenza. Ndishumayeke iminyaka emininzi, kwaye—kwaye ndide ndalixhego kwaye ndingumakhwekhwethe omdala womshumayeli, ndaba namadabi amaninzi anzima, kwaye mhlawumbi ndinezinxenxe, ndisikeke konke ngaphakathi, ngenxa yemilo. Ngokuba, elam iqashiso, ethe iNkosi yandinika lona, lalingekokubuyela emva ekuncamiseni iintsana, no—nokutshatisa abatsha, nokungcwaba abadala. Kodwa yayikukubamba iKrele elintlangothi mbini kuluhlu lwedabi, ndimelane neentolo zo— zobuhedeni nezedemoni, na— namagunya obumnyama, ndiwalwe ngeLizwi likaThixo ndide ndibone utshaba lweyisiwe. Ndingxwelerhwe nzulu, kumaxesha amaninzi.

⁵⁵ Xa ndiza noMyalezo kulo mhla, ndathetha kwibandla izinto endizakuzithetha. Kwaye ndaxela kwangaphambili kwiminyaka eyadlulayo ngethuba uMoya oyiNgcwele wandibizela kuloo msebenzi. Kwaye akukho mntu uphilayo emhlabeni namhlanje, onganako ukutsho ukuthi iNkosi yake yandenza ndanixelela nantoni na eGameni laYo, ingeyiyo eyathi yenzeka nje kanye ngendlela eyenziwe ngayo.

⁵⁶ Indlela Awathi wandithumela phandle ngayo kuqala, nesipho sokuqala, nesipho sesibini, nezinto ezathi zathethwa okanye zenziwa, kwihlabathi jikelele, kwaye eneneni zizigidi ezithe zeza kuKristu. Namashumi amawaka abashumayeli aphenjelelwa, athi aqala invuselelo etshayela ubuso bomhlaba buphela namhlanje. Ke ngenxa yokuba abenkonzelo kaMoya yayingabo abawamkelayo uMyalezo wam, ngabo abathi babakwindawo engcono. Ibandla lakwaMoya libonakalise inguquko ethe chatha kwiqela elincinane labakwamoya kunazo zonke ezinye iinkonzelo zihlangene. Oko kungokokubalwa. Ngoba? Ngokuba bathe bona bamkela iNyaniso nokwamkela invuselelo.

⁵⁷ Kwaye ngoku, emva kwexesha elimnandi elathi leza lempiliso yabagulayo, nokukhutshwa kweedemoni, nokuvuswa kwabafileyo; ntoleyo singamangqina ayo sonke, kwaye ngokunjalo noogqirha abaninzi namadoda amakhulu omhlaba angamangqina. Nokuvela kweNkosi uYesu phakathi kwethu, okuphaya kumqondiso lowa njengokuba nibona, ndiyaqonda phaya eludongeni, nokuba kuphi na, oweNgelosi yeNkosi. Nendlela ezathi ngayo iinzululwazi zawavala amalungelo okuba kukhutshelwe kwaye u—uyinyaniso eyaziwayo, kwihlabathi jikelele. Kwaye bona izinto Awazenzayo, ziyenzeka, lonke ixesha. Ngoko, ukuba iNtsika yoMlilo eyahamba noSirayeli ukunqumla intlangano, ngemihla kaMosisi, ukuze thina . . . okanye ngoku uMosisi babizwa ngokuba, “Zizicaka zeNkosi,” kwaye wayelandela iNtsika yoMlilo ebusuku, neLifu emini.

⁵⁸ Kwaye ngethuba uYesu wayesemhlabeni, Wathi Yena wayenguloo Thixo. Wathi, “Ngaphambi kokuba abekho

u-Abraham, NDIKHO MNA.” Kwaye u “NDINGUYE” wayeyiNtsika yoMlilo eyayikwityholo elalisitsha, eyathetha kuMosisi nge—ngemihla eyadlulayo. Ndiyacinga ukuba injalo loo nto, Mzalwana Vayle. Ngoko Wathi, “Ndaphuma kuThixo kwaye Ndibuyela kuThixo.” Waze wathi Akubethelelwa wafa, wavuka kwakhona, waze wenyukela Phezulu, waze Wabeka umzimba wakhe phantsi phezu kweso sibingelelo sikhulu sikaThixo onguNaphakade, ukuze ubelapho lonke ixesha sebenze endaweni yethu, ukwazi ukuba Yena walihlawula ityala lethu lesono. Kwaye apho Wabuyela emva emhlabeni kwakhona, ekwimo yeNtsika yoMlilo enkulu.

⁵⁹ UPawulosi, kwindlela yakhe, ngaphambi kokuba abizwe ngokuba nguPawulosi oNgcwele, wayebizwa ngokuba nguSawule waseTarso. Wathi kwindlela yakhe yokuhla ukuya eDamasko, ukuya kubamba abantu abathile ababesenza ingxolo eninzi kakhulu, bekhwaza, beshumayela iVangeli eyayichasene nesithethe seenkonzo zabo. Endleleni yakhe ehlayo, ngenye imini, malunga neli lixa lemini, wabethwa wawa phantsi kukuKhanya okukhulu. Kwaze oku kuKhanya kukhulu, yena engumYuda esazi ukuba iNtsika yoMlilo yakhokela abantwana bakwaSirayeli, kwaye apha Yayiphambi kwakhe kwakhona, wakhwaza, “Nkosi!”

⁶⁰ Ngoku ukuba uyaqaphela kwinguqulelo zakho zombini eye-King James ne-Standard, nazo zonke, ungunobumba omkhulu N-k-o-s-i. Kwaye nabani na apha oyaziyo iBhayibhile yakhe, uyazi ukuba xa ingonoobuma abakhulu N-k-o-s-i, ngu-Elohim lowo, owanele konke Lowo wadala amazulu nomhlaba, kwiGenesis 1:1. 'Yabona, unobumba omkhulu, “Nkosi!” Ngoku uPawulosi ngewayengazanga abize into yokujonga ngokuphosakeleyo, wayengekhe abe wayibiza into ethile awayengazi ngayo, ngokuba wayeyindoda eqeqeshiweyo kwiZibhalo. Ephuma phantsi koGamaliyeli, umhlohli omkhulu waloo mhla, kwaye ngewayengazanga abize loo nto ngokuba, “Nkosi,” ukuba wayenganelisekanga ukuba Lowo yayinguYehova. Wathi, “Nkosi, UnguBani na?”

⁶¹ Phulaphula iZwi liphendula, “NdinguYesu,” inguye izolo, namhla, nangunaphakade.

⁶² Ngoko ndiyacinga, phakathi kwako konke oku, phambi kokuba ndiye phambili, kokubini apha nakwihlabathi jikelele, abantu abayakube bephulaphule oku, nabaphulaphule ngoku, bayakwazi ukuba kuqondakalisiwe ngaso sonke isenzo ukuba nguYesu Kristu inguye izolo, namhla, nangunaphakade. Wenze kwa ezo zinto Wazenzayo, ukuphilisa abagulayo, ukwazi iingcingane zengqondo, kuba Ubonakalise, izinto eziyakwenzeka, kwaye ngalo lonke ixesha ngokugqibeleleyo kule minyaka. Ndinamashumi amahlanu anesine eminyaka ubudala, kwaye ndabona imibono ukusukela ndimalunga neshumi elinesibhozo leenyanga ubudala, kwaye, akukho

nexesha elinye, kodwa ngalo lonke ixesha ihleli iyinyaniso. 'Yabona? Ngoku, oko kunyanzelekile ukuba ibe nguThixo. Kwaye ngoko ndicinga oku, "Kutheni abantu bezimfama ngolu hlobo ukuba bangayiboni loo nto?"

⁶³ Kwaye ngokuthe gqolo ndithetha nabethu—nabafazi bethu malunga nokunqothula iinwele zabo, nabalungiseleli bendichubusha malunga naloo nto; nangokunxiba kwabo iimpahla zokuziphatha kakubi, zezibhulukhwe zimfutshane, nokungqengqa phandle ngolo hlobo, no—nokuqhubela phambili ngalo ndlela ingcolileyo; namalunga namadoda ethu indlela awayesenza ngayo, etshaya, nokuthabatha isiselo ngenxa yokuzonwabisa, na—nayo yonke into; babe ke besazibiza ngokuba ngaMakristu, besidla uMthendeleko esithebeni ngokuba bengamalungu ombutho othile. Owu, yayinto elula nje, babecinga ukuba ndimnyelisile uThixo. Ingaba babangcono ke abafazi? Baya besibababi, kuso sonke esi sizwe.

⁶⁴ Ngoko mna, njengokuba ndiphathshuphatshu, (Ndikuthetha oku ndibuzola), mhlawumbi ndiluhlobo lomntu ophatshuzelayo endinguye, kwaye ndisazi ukuba andifanelekanga, ekuqalekeni, komsebenzi; njengokuba abaninzi beye bakhalaza, wayemelwe kukukwenza. Kwakunzima. Kodwa nda—ndacinga, "Thixo, kwakutheni ukuba Ungabizi umntu othile engewawenzayo? Kwaye u—uxolo kodwa ndi—ndisilele. Abantu abasayi kundiphulaphula nje mna. Kwaye ndasilela ukwenza oko ngendikwenzile, kwindawo ethile, ngokuba abasayi kuphulaphula."

⁶⁵ Umama wam, usandula ukudlulela eBuqaqawulini, malunga—malunga ngaphezu konyaka kancinane odlulileyo. Umama wam, uyise wa—wayengumzingeli. Kwaye ndiyacinga ukuba ndinokuninzi okuphuma kuye, kuloo ndawo, kuba ndi—ndi—ndiyawathanda amahlathi. Ndaze ndacinga, "Ukuba aba bantu bazibiza ngokuba ngaMakristu, ukuba abafuni kuphulaphula uMyalezo endiwushumayelayo, ngoko mandibayeke. Ndizakupheza nje, ngokupheleleyo, kwaye ndiyakuya kungena ezintabeni. Kwaye ndazi umhlobo apho. . . ." Abaninzi benu, apha, bayakhumbula ndichaza kwangaphambili elo xesha, malunga neenyanga ezintandathu ngaphambi kokuba kwenzeke, indlela ekwakuzakuthi ngayo ndiye kwindawo ethile, kanye iphuma kweli qonga apha, kwaye kuyakubakho i— isilwanyana esikhangela ngokungathi lixhama sineempondo ezitsolo, nokuba ziyakuba ngamashumi amane anesibini ee-intshi, nokuba kuyakubakho ibhere engwevu enkulu ezinyawo ezisixhenxe. Ninayo kumakhasethi nayo yonke into. Ndiyaqikelela ukuba niyalikhumbula elo xesha, nonke. [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ke, iphaya kwigumbi lam phaya phezulu ngoku, u—ukubonisa ukuba loo nto yinyaniso.

⁶⁶ Ngoku kwizinto nje ezinjalo, ngokuba kuphambi kokuhamba kukamama nje, kwaye Wayefuna ukundizolisa

ngenxa yalo mothuko mkhulu, kuba Wayesazi ukuba Wayeza kumthabatha.

⁶⁷ Ngoku, ndahlangana nendoda eyayinguMkristu, kwaye unendawo yasemaphandleni enkulu kanye phantsi kwe-Alaska. Kwaye ndase ndigqibe engqondweni, ukuba njengokuba ndimkile apha ukuya eNtshona, ukuba ndiyakuthabatha inkosikazi yam ndibe buyiphathela kwinto ethile; ndinyuke nayo ndiye apho, ndize ke ndibe ngumkhokeli. Ukuze ngoko ukuba iNkosi ifune ukuba ndenze into ethile, ndiyakuyeka iinwele zikhule, ndize—ndize—ndingathi... amabhovu am. Kwaye—kwaye ndi—ndiyakubuyela apho ndibe ngu—ngumkhokeli wasemahlathini. Amalunga nesibini okanye isithathu kuphela amaNdiya ahlala apho emaphandleni. Ndi—Ndingangumkhokeli nje kwaye ndingamnceda uBud. Kwaye ukuba iNkosi ifuna ukuba ndenze nayiphi na into, ngoko ndinga—ndingathi, “Kulungile, Nkosi.” Ingandinika umbono. Ndinganyebelezela.

⁶⁸ Ndithi abantu... andizange ndizibalele ntweni, nabani na uyayazi lento, kodwa abathe, “Mzalwana uBranham iNkosi ikubizile ukuba ube ngumprofeti waYo.” Ke, a—andizange ndizibalele kuloo nto, kodwa ndiyaqala ukufika kwixesha apho ndifuna ukuba sendilungele ukwenza oko, ukucinga, “Ke, mhlawumbi ndinguye. Ukuba ndinguye, ndiyakuhlala phaya entlango. Kwaye ukuba ndihleli apho phandle entlango, ngoko ndiya—ndiya—ndiyakuba ngumprofeti waKhe, ’yabona, ukuze ukuba Ufuna ukundithuma kwindawo ethile. Ukuze ngethuba Engandisebenzisi, ngoko ngokuqinisekileyo ndiyakuloba iintlanzi nde—ndenze izinto ezithile.” Kakade, oko yayiyimbono ebuyeyokuzicingela, ’yabona, ngokuba ndim owayefuna ukwenza loo nto. Ngoku, asizizo kanye nje izinto zokwenziwa ezo. Kwaye ngoku ndandiyigqibile loo nto engqondweni yam ukuba ndenze yona.

⁶⁹ Ke ngoku, phambi kwe*Zigaba EziSixhenxe ZeBandla* ukuba zishunyayelwe, zize zizotywe phaya... Baninzi, namhlanje, ababekho ngelo xesha, kwaye bayazi indlela eyathi ngayo iNkosi yayisikelela loo nto, phaya eludongeni emva, Yayibonakalalisa. Ukwenza nje... Bangaphi abalapha ngoku, ababelapho ngoko xa We—Wezayo? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Yenzeka loo nto.

⁷⁰ Ngoku ndikhumbula ngoko ngoMzalwana uJackson othile. Udla ngokuba nathi. UMzalwana uJunior Jackson, umWisile owayengumlungiseleli womWisile. Ewe, nanku ehleli ngapha kanye ngoku. Ngoku, wathi weza kum enephupha, baze ngoko abanye abazalwana abangabanye beza benephupha elifanayo. Ngoku, iNkosi iye yalunga kakhulu kum, kwaye andizange, thabathani oko nikugcine kusasanje, ingaba ndakhe ndanixelela inkcazelo ephosakeleyo yephupha? Hayi, mhlekazi. Ngokuba iNkosi... andisayi kulithetha ndide ndilibone kwakhona ndazi ukuba Ithini malunga nalo, ngoko ndiyakukuxelela ke.

Ke ngoko wathi be—bendiqhuba inkonzo apha ezantsi kule nkonzo, wabe yena, ngandlela ithile okanye enye, wayengumntu ophatshuzelayo ngobo busuku, waze wabeleka waphuma enkonzweni wajikela ngaphaya ngenye indlela wahlangana nam ndisemotweni, babe abantu bedlula. Wathi, “Ndifuna ukukuxelela into.”

⁷¹ Waze wandixelela ukuba waphupha iphupha, ukuba apha phezulu kwindawo ethile, enjenge-Indiana, kwakukho ende, induli enengca, amanzi ayewuhlambile wemka umhlaba encotsheni, yaze yaba lidwala eli—elincopho isithabazi nga—ngaphezu kwentaba. Kwaze ke apho kweli dwala kwakukho uMbhalo ongaqhelekanga. Waze wathi ndandimi apho nabo bonke abazalwana abalapha kufutshane nenkonzo apha, nditolika lo Mbhalo. Kwaze kwathi kwakufika ixesha lam lokuba nditolike konke Oko, ngoko i...ngandlela ithile okanye enye, ukuba ndilikhumbula kakuhle elo phupha, ndafumana into ethile enjengomgqala, okanye—okanye into ethile intsimbi enekona okanye enye into, okanye ingeyontsimbi inekona, bendithetha i—umgqala wokuqhaqha okanye into enjalo, ndasuka ndayisika yavuleka incopho yaloo ntaba ndayiphakamisa. Kwaze ngaphakathi kuyo kwakho ilitye elimhlophe, into ethile ekuhlobo lwenyengane okanye— okanye into eyelele apho, ilitye elithile elimhlophe elalingabhalwanga. Ndaze ndathi kubazalwana, “Hlalani apha nikhangele koKu.” Ndaze mna, ngelo thuba babekhangele, ndanyebelezela ndaphuma phakathi kwabo ndaqalisa ukubheka ngaseNtshona. Waze uMzalwana Jackson wathi wandibona ndiqabela induli enye, yaze yaba yenye induli, ndisiya ndisiba mncinane ngokuba mncinane, ndisiya eNtshona. Niyayikhumbula loo nto.

⁷² Ke, ingcaciso, kakade, yanikwa apha enkonzweni phambi kokuba yenzeke, ukuba i—ixesha lingoku, lokuba ndiyakholwa, lokuba isityhilelo esizeleyo ngesigaba sexesha likaLuther, uWesley, noJohn Smith, u-Alexander Campbell, nabahlukeneyo abashumayela ngeBhayibhile, saze ke ngoko sangena eBhayibhileni sabonisa apho ukuba iyakuba nguMyalezo we—wesithunywa sesixhenxe. Kwaye ekuvakalisweni koMyalezo wesithunywa sesixhenxe, zonke iimfihlelo zikaThixo ziyakwaziswa. Ukuze kulandele iindudumo ezisixhenxe eziyimfihlelo.

⁷³ Ke ngoku ukuba esi seso sigaba sexesha sokugqibela esi siphila kuso, apho sithe saphumela kugwetyelo, kungcwaliso, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele; safumana imiqondiso, imimangaliso, nazo zonke izinto ezahlukeneyo. Kwaye izipho zibuyele kwibandla, ezinjenge, mpiliso eNgcwele, nokuprofeta, no—nokuthetha ngeelwimi, nokucaciswa kweelwimi. Kwaye nangona oku kuye kwachazwa ngendlela engeyiyo, ngendlela eyoyikekayo, kodwa nangoko, oko akususi nto, kukho okona

kulungileyo. Kukho eyinyaniso, yento eyinene eyiyo, isipho sokuthetha ngeelwimi ebesihleli simelwe kukuba seBandleni.

⁷⁴ Sinento eninzi yokulinganisa. Sinabantu abaphakama bazame ukwenza njengaMakristu, bube ubomi babo bungathelekiseki, ngoko kukho into ephosakeleyo. UYesu wathi, “Niyakubazi ngeziqhamo zabo.” ’Yabona? Nantso indlela omazi ngayo uMkristu, ngokuba uphila njani na. Musa ukutsibela phezulu kunendlela ophila ngayo. Ke ngoko nje... Kodwa kuloo nto, kodwa ngu—ngumtyholi esenza isothuso, ukuze agcine awenene amakholwa angawo ekude kwinto eyinyaniso yoKo. Kodwa Thixo sincede ukuze sahlule sibenako ukucalula phakathi kokulungileyo nokungalunganga. Kwaye— Kwaye iLizwi liyakuhlala likwenza kungqale oko.

⁷⁵ Ngoku sifumanisa oko, kulento, ndanixelela, ingcaciso yeLitye. Kwaye iLitye nguKristu, owayekwelaphupha lomzalwana, kwaye yiBhayibhile leyo. Kwaye kuyo yonke le minyaka, iBhayibhile ibitolikwa, sade ngokupheleleyo saYinikwa ikwimizekeliso yokucacisa. Saze isipho sokugqibela esongezelelweyo kwisigaba sasaLawodike, esilixesha lokushumayela kwesithunywa sesixhenxe, kwisigaba sexesha laseLawodike, kwelo xesha, apho ziyakuba ninzi izinto eziziswe ngendlela engeyiyo ziphumela kuzo zonke izigaba zexesha.

⁷⁶ NjengoLuther owashumayela ugwetyelo, kodwa waluyeka lubaleka phaya phandle ngenxa yokuba akazange aphile thuba lide. Kwaze ukunyuka... Baze ngoko balenza umbutho ibandla. ULuther akazange alenze mbutho; kwakusemva koLuther. Waze ngoko uWesley wafika. Kwaze emva koWesley, baba nebandla lobuWisile. Kwaze ngoko emva kokuba kuze uJohn Smith, iBhaptizi; kwaze kweza u-Alexander Campbell, njalo. Kodwa loo madoda, abahlaziyi, akazange aphile thuba lide ngokwaneleyo ukuze ayihlanganise yonke loo nto. Kwaye njengokuba sineendawo ezininzi ezijingayo ezishiyekileyo, ngokunjalo. Kwaze kwathi ngoko kwakwenzeka, ngokomzekelo, ngobhaptizo lwamanzi awathi uJohn Smith walubuyisa, ubhaptizo ngo— ngokuntywiliselwa; kodwa kusetyenziswa izihloko. Kwaye ezininzi zezo zinto zashiyeka zijinga. Size ngoko sihle size esiphelweni, uMyalezo wokugqibela ufanelwe kukuyenza yonke loo nto ingqamane, ukuzisa lento ku“lunye ukholo, inye iNkosi, lunye ubhaptizo.” ’Yabona?

⁷⁷ Ke ngoku emva kokuba iBhayibhile itolikiwe, ngokupheleleyo, ngoko uze uqaphele ukuba yavuleka incopho yeLitye elinjengephiramidi. Hayi ukuba sifundisa iiphiramidi ngoku, asiyiloo nto, ngokuba... Indoda efundisa ngaloo mfundiso yephiramidi, ndiyaqikelela ukuba niyazi ukuba ithetha ngantoni na. Andazi nto ngayo mna. Kodwa, nangoko, lalikhwimo yephiramidi, kodwa isiciko sephiramidi asizange sibekwe. Ndikhe ndaya eCairo na—nase-Jiphutha, kwaye— kwaye isiciko asizange size, ngokuba yayililitye lembombo.

Yayilitye lentloko. Kwibandla Libe lilitye lembombo. Kwibandla elizeleyo, Yaba lilitye lentloko. Ngoko Lona alizange lifike. Laliwa uKristu. Kwaye Liyakuza. Kwaye ndiyakholwa ukuba xa Lisiza, iBandla liyakundileka lingene endaweni, ukusuka kugwetyelo phantsi koLuther, ungcwaliso phantsi koWesley, nomyalezo wakwaMoya uyakuzisa iBandla kobunjalo ubumbalwa, kwaye ulungiselelo luyakuba phakathi kwabo bantu lude lube lulungiselelo olunye awalenzayo uYesu Kristu. Oko kuyakuzisa uYesu kuthabathe yonke loo nto kumke nayo.

⁷⁸ Onke amaLuthere athembekileyo anyanisekileyo, amaPresbhithari, amaBhaptizi, amaWisile, naye nabani na ozelwe ngoMoya kaThixo, uyakuthatyathwa emke noYesu Kristu ekuzeni kwaKhe. Ndiyakholwa yiloo nto. Ndiyehluka nabanye babazalwana bethu bakwaMoya abakholelwa ukuba elo gcuntswana lebandla ngabo bayakuxwilwa kumkiwe nabo kwesi sigaba sokugqibela. Ndiyahluka apho, ngokuba uThixo... Angathini umntu, kwaye angathini uThixo... Ukuba besinokuthi, "Angathini Yena?" Angenza oko Akuthandayo. Kodwa uThixo, wathembisa uLuther, naphantsi kogwetyelo, yiloo nto kuphela ababeyazi. 'Yabona? Wathembisa ukulithabatha iBandla. Kwaye Yena... Ndingakholelwa ngobabalo lukaThixo nangokuxhasa kweSibhalo. Ngokuba, Akazange eze ngomlindo wokuqala, zaze zayakulala; umlindo wesibini; konke ukuhla. Ngomlindo wesixhenxe Wafika. Kwaye eso siSigaba seSixhenxe seBandla, ngexa loMyalezo wesixhenxe wesithunyw. 'Yabona? Kwaye xa Esiza, zonke ezo ntombi zavuka zalungisa izibane zazo. 'Yabona? AmaPresbhithari, amaLuthere, amaBhaptizi, nabani na ozelwe ngoMoya kaThixo, uyakungena koloo Xwilo. Ndiyakholwa ukuba uMtshakazi uyakubizwa ngeloo xesha. Ndiyakholwa ukuba kuyakubakho abathile ngemihla yokugqibela abangayi kukungcamla ukufa, kodwa bayakutshintshwa ngomzuzwana, ngokuqhwanayaza kweliso.

⁷⁹ Ngoku, ekubeni ke niyiqaphele, kwiphupha likaMzalwana uJackson, ukuba kwakungekho mbhalo welo Litye ecaleni, nantso into endandiyeye yona eNtshona. Ngoku, njengokuba yenzekile, ndaze ndanixelela, ngenye imini ndiyakunixelela ukuba kuthetha ukuthini na. Ndaya eNtshona ngenxa yaloo nto. Ndaze ndanixelela umbono, abathi abantu, ngokubini abasemakhasethini nabakhoyo kusanje, bayakwazi u *Bahlekazi, Ingaba Lixesha Na Eli?* Kwaye nabani na kuni bazalwana bamamele amakhasethi abangenawo loo Myalezo, kwaye ndifuna ukuba ulandele Lo, thabatha u: *Bahlekazi, Ingaba Lixesha Na Eli?* Ngaphambili, kwiiveki neenyanga phambi kokuba kwenzekile, apha ndabona umbono wokuba ndiseTuscon, emantla eTuscon; oko kungabaseMpuma kweFlagstaff, emantla eTuscon; kwaye ndiyakube ndichola itshungu ndilisusa kwimilenze yebhulukhwe yam, kuze u—

ukudubula kwenzekile okuya kuthi kukhangeleke ngathi kushumisa ilizwe. Bangaphi kuni abayikhumbulayo? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kulungile. Oko kuyakushukumisa ilizwe lonke.

⁸⁰ Ke, kwenzekile ukuba ibe yeyokugqibela indoda enye ekhoyo kusasanje eyayimi apho ukwenzeka kwaloo nto. Eneneni yashukumisa amatye aphakama ezintabeni. Ke ngoku bona . . . Sifumanisa ukuba, ngeloo xesha, ndabona iiNgelosi zizikwimo yephiramidi, ezehlayo ziphaphazela zandithabatha zandinyusa. Ndaza ndeziswa eMpuma, ukuza kuvula amaTywina asixhenxe kaThixo. Ukuba awunawo . . . Ukuba uYesu akakabuyi, kwaye mna . . . abazukulwana babazukulwana bam, njengabantwana bakaPaul omncinane kuyakube kuyiNyaniso enguNaphakade kaThixo ophilileyo. Ngoku, oko yayikukufumanisa, oko kwakutywinelwe ngaphakathi kule ntaba, yayingabhalwanga. Kwakufuneka itolikiwe. Ndaze ndathi ndakubuya, iNgelosi yokuqala, ngobusuku bokuqala, yavula iTywina ngokuchaseneyo nantoni na esakha sayiva ebomini. Aze onke osixhenxe aphuma eyinto enye. Niyayazi loo nto. Nanilapho nikhona ekwenzekeni kwayo, abaninzi benu.

Kwaye, ngoku, ndandingayazi loo nto ngeloo xesha, kodwa . . .

⁸¹ UMzalwana uFred Sothmann, ndiyazi ukuba ulapha. Kwaye ndiqiniseke mpela ukuba uMzalwana uNorman ulapha. Sasiphaya phezulu . . . Kwafuneka ukuba ndiye eHouston malunga nokufumana laa nkwenkwe incinane yasindiswa ekuxhuzulweni sisitulo sombane. Ndaze ndabuyela apho ndaya kuzingela phaya phezulu nabazalwana. Kwathi ngaloo ntsasa, ndandimi ndichola izancethe, okanye—okanye into abayibiza ngokuba yi-*goatheads* apho, izancethe kumlenze webhulukhwe yam. Kwaze oko kudubula kwenza njengoko Wakuthethayo. Ingaba kunjalo, Mzalwana Fred? Kwaye i—i—inokuba ndaxhuma ndawushiya kakhulu umhlaba. Kanye apha phezulu kwam nazo iiNgelosi zeNkosi ezaphindisela uMyalezo, ukuba ndize apha ukuza kuqhaqha la Matywina. Kutheni ukuba kube lapha, kutheni ukuba kube kulo Mnquba? Kwakutheni ukuze ndingayenzi apho loo nto? Ngokuba ndandenze isithembiso kwibandla lam nakuThixo, ukuba nawuphina uMyalezo omtsha uyakuphuma usuka kulo Mnquba, ushicilela ukusuka apha. Kwaye Wayendinceda ukuba ndigcine ilizwi lam, ukuba ndihlale apha ukuze ndiwenze. Kwaze kwangoko ndabuyela emva kwakhona.

⁸² Ke, ngoku, ndandingazi ngeli xesha, ukuba babethabatha umfanekiso woko, inzululwazi zazisenza njalo, njengokuba iiNgelosi zazihlisayo zisuka eZulwini, ukuzisa uMyalezo. Kwaye niyakhumbula, ndathi Le yayingasekunene kwelo qela yayine, ibu, isifuba saYo sibuye umva, namaphiko aYo. Niyandikhumbula ndiyithetha loo nto, nonke? [Ibandla,

“Amen.”—Mhl.] Nendlela endathi ndaYikhangelela ngayo? Yayahluke kakhulu kwezinye. Kwaye ndandingazi ukuba babethatha umfanekiso waloo Nto, kuba kwamsinya ndangxama ndaya eMpuma. Kodwa ekubuyeleni emva ekhaya eTuscon, yayiyiyo Leyo iphume kuwo onke amaphepha akhe abonwa phantse kwisizwe siphela, okanye ukuya kungena eMexico, nakuzo zonke iZizwe zaseNtshona, kwaye ndiyacinga ukuba i-Courier apha ngaphesheya. YayikwiQumrhu loShicilelo. Bangaphi abayibonayo, “Ilifu eliyimfihlelo esibhakabhakeni”? Niyazibona izandla. Kwaye ngoku *I-Life* ulindixesha wakuthabatha oko. Kwaye ndinalo e—elo nqaku apha kusasanje, likulindixesha *iLife*, ukuze ndibonise ngalo. Ngoku Nali, kwangelo xesha linye ndandilapho. Uyayibona iphiramidi yeLifu? Ndandimi kanye phantsi kwale nto. Kwaye nantso, uyayibona iNgelosi eyahlukileyo ngakwisandla sokunene? Uyalibona iphiko elitsolo laYo? Kanye njengokuba yathethwayo. Kwaye ibonakala ngokwaseMexico nakwindawo ezahlukeneyo apho babewuthatha kwakhona umfanekiso. Ngoku, le nzululwazi ilapha izama u—ukufumana yonke inkcazelo malunga nalo mfanekiso, enakho ukuyifumana, malunga nabantu abanawo lo mfanekiso. Iyaphanda ngawo.

⁸³ Ngoku, ithi apha akunakwenzeka ukuba eli ibe lilifu, kuba ukunyakama akudluli malunga, ndingathi malunga nesithandathu okanye isibhozo seemayile ukuphakama, into elolo hlobo. Xa sisiya phesheya kwelwandle sidla ngokubhabha kwishumi kwishumi elinethoba lamawaka eenyawo, kwaye singaphezu kweenkqwithelo ngoko. Kodwa eli lifu, ngokweli linqaku lilapha lale nzululwazi, lingamashumi amabini anesithandathu eemayile ukuphakama. Kungazimayile ngeemayile ngaphaya kokunyakama. Kwaye ngokujonga le ndawo likuyo, ke ngoku, uyazi mna. . . Bangaphi abakhumbulayo ukuba ndanixelela, “Kwavakala isandi esinjengesithinteli-sandi senqwelo-moya”? Niyakhumbula? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kodwa kwakungekho nqwelo-moya kuloo ngingqi. Incwadi itsho apha. Bayikhangelela. Kwakungekho ndawo, kungekho zinqwelo-moya apho phezulu. Kwaye, ngaphandle koko yayingena. . . Loo nkungu isemva kwenqwelo-moya ayiyo enye ngaphandle komoya owaphukileyo, ukunyakama, kuba ingena kuloo nto, njenge-nqwelo-moya ebalekayo. Kwaye iyazitsala, iqhekeze ukunyakama okusemoyeni. Ayinakwazi ukwahlukana nayo, okoko nje kukho i-jet, ngokuba umelwe kukuthi. . . Yiloo nto ehamba phezulu kwayo, kukunyakama okuphuma kudubula kuyo.

⁸⁴ Kodwa nantsi ke, iimayile ngaphezu kwaloo ndawo kunokuba kho ukunyakama, kwaye iinqwelo-moya zingekho kuloo ngingqi. Yayingenakuba kukunyakama loo nto apho phezulu, yaze yahlala apho phezulu loo mini. Lizinyawo ezingamashumi amathathu ukuya emacaleni, ngamashumi

amabini anesithandathu eemayile ubude. Uyabona? Kanye njengokuba yayiyinto enye *apho* emfanekisweni, ngethuba ndandinixelela, “INGelosi yeNkosi yakhangeleka injengeNtsika yoMlilo,” kwiminyaka eyadlulayo, phambi kokuba ibe Yathathwa; uThixo wenza inzululwazi ukuba iqonde ukuba oko kuyiNyaniso. Kwaye apha, isiprofeto esasikhutshiweyo, uThixo wenza inzululwazi ukuba ingqine ukuba SiyiNyaniso. Ngoku simi phi? Ndifuna ukukugcina oku, kuba ndi—ndisenokuthetha kumhlobo wam, okhoyo kusanje, ukuba a—awabhale loo *Matyina aSixhenxe*. Usenokufuna ukuyisebenzisa le nto. Kwaye ukuze nibe nayo ikhutshelwe, kuba, ukuba niyifumene, yigcineni ukuze nibhekiselele kuyo. 'Yabona?

⁸⁵ Ngoku ifuna ukufumanisa, kodwa kungaluncedo lwantoni ukuya kuyixelela? Ingayihleka loo nto. 'Yabona, ingahleka nje ngokulula. Ngoko musani ukuzijula ngolo hlobo iiperile zenu. Kodwa thina siyazi, iBandla liyazi, noThixo uyazi ukuba oko kuyiNyaniso.

⁸⁶ Kwaye ngoko ngethuba ndandithandaza malunga nale ngongoma yokungaqiniseki ukuba kuyakwenzeka ntoni na kum, kwaye niyazi ukuba ndandiphi na? Emantla eTuscon, empuma yeFlagstaff; kanye kanye, ngokwendawo, apho ndanixelela khona, kwiinyanga ngaphambi kokuba kwenzeke, ukuba ndiyakube ndimi khona. Kwaye kanye ngokweli phepha lilapha, nangokwamaphepha naloo lindi-xesha, nobungqina obubobethu, kanye kuloo ndawo yenzeka kuyo. UThixo ugqibelele kwaye akanakuxoka, kwaye kuyakwenzeka.

⁸⁷ Niyakhumbula ekhasethini: *Bahlekazi, Ingaba Lixesha Na Eli?* Ndzakuyicaphula. “Khumbula, into ethile izakwenzeka, enkulu.” Kwaye ngoku Yenze isizwe siphela saYingqinela. Lonke iphepha-ndaba kwiQumrhu loShicilelo, kwaye omnye woolindi-xesha bethu abaphambili, nayo yonke enye into, ingqina ngaYe, kwaye ayikedluli, okwangoku. Kodwa ngabantu abanethamsanqa elinjani, a—abantu abangaMakristu, ukwazi ukuba kule yure imnyama, ngethuba apho kungekho mathemba ngokwezenzululwazi, nesiqhushumbisi se-atom sisilindele. Kwaye akukho mathemba kwimibutho yethu, okuba kungaze kuhlanganwe, azidibanise nophawu lwerhamncwa. Kwaye xa onke amathemba ethu emke olo hlobo, kuqoqosho lwethu, obudlelane bethu boBukristu phakathi kwemibutho yethu. Abhekisa ekungeneni kubuKatolika, ntoleyo iyakuba luphawu lwerhamncwa kumanyano lwenkonzo.

⁸⁸ Kodwa kwaye kwabo bamthandayo uThixo bekhangele okuyinene, ukuba kwaloo Thixo Wenza idinga eBhayibhileni, ulitweza phambi kwamehlo ethu; aze enze ibandla, nabantu, nenzululwazi, noolindi-xesha, nayo yonke into, iqonde ukuba Yena usenguThixo kwaye unokuzizalisekisa izithembiso. Lixesha elinjani!

⁸⁹ Ngoko uMwonyo iSabino ngaloo ntsasa, ndithandaza ndimangalisiwe ukuba kuyakwenzeka ntoni na, ndiphakamisele izandla zam kuThixo, phezulu encotsheni yaloo ntaba, elaa Krele lawela phakathi esandleni sam; linomphini weperile, nendawo yalo yokuphela komphini, linokutya okude okumalunga nonyawo ubude, laye limenyezela okwembiza yentsimbi okanye njengento embala utyheli ngokwesitya somdongwe, libukhali ngokwencakuba. Kwaye ndandingazi ukuba yayiyintoni na leyo. Ndaze ndathi, “Ndiyazoyika ezi zinto.”

⁹⁰ Kwaze kanye ngoko iZwi lathetha, elashukumisa loo Mwonyo. Lathi, “Eli liKrele leNkosi.” Kwaye iKrele leNkosi liLizwi leNkosi, kuba iLizwi likaThixo libukhali ngaphezu kwawo wonke amakrele antlangothi mbini.

⁹¹ Kwaze ndisihla ndibuyela apho, ngoko, ngeloo xesha, umzalwana omncinane okhaliphileyo apha ebandleni... Kwaye wayelijoni waza wadutyulwa wathi saa emkhosini, ngokufutshane, walala apho ukuba afe, bathi ke uya... Babengenako, abanyangi babengacingi ukuba angaphila, kwakungekho nokuba bafane bachithe ixesha ngaye, wayekude lee emkile. Imithambo eyeyeyona iphambili emilenzeni yakhe igqabhukile; ingalo yakhe encinane iphantse ukusuka yonke; umlenze wakhe, omnye umlenze usukile, ngokufutshane. Kodwa uThixo wabona ubabalo, wamsindisa wamphilisa ngemini enye.

⁹² Yena, uMzalwana uRoy Robertson, wayekho ngelo thuba lo mfanekiso wawuthathwa apho eHouston. Indlela eyathi ngayo inkosikazi yakhe yaxelelwa ngombono, into eyayiyenza ngaloo mini, nendlela eyayinengxaki nokuba iyakuphiliswa. Loo nto yamenza ukuba abe likholwa. Kodwa yena, njengokuba eyindoda yasemkhosini wayebu (Ndiyathemba ukuba uyakundixolela ngokuthetha oku) kuyo yonke indawo zonke ii-iindawo ezigadalala, kwicala lokuba ngqongqo, enika imiyalelo emkhosini. Njengendoda eyayiyintloko, wayenendlela yokuthetha, neyokuthi, “Yenze!” ‘Yabona? Kwaye waye—wayekholwa, nangoko. Kodwa ethe chu, esiza apha ebandleni ekubona okwamandla angaphezu kwendalo, wathi, “Ndiyakholwa yiloo nto, kodwa oko kokomnye umntu.”

⁹³ Ngobunye ubusuku iNkosi yamvusa, ngenye intsasa. Sasihleli, inguye nam sakhangeleka ngokungathi siseYerusalem kwisithebe seSidlo seNkosi, ndabe ndithetha. Wayengayiqondi loo nto. Kwaye uMzalwana uRoy, uhleli apha ukho, endikhangele khona ngoku, kwaye wayibona loo nto. Waze wanditsalela umnxeba, eHouston...okanye ngaphandle e-Arizona, okanye wandithumela ndaze ndambiza ukuba abuye. Wathi, “Wawuhleli apho, Mzalwana Branham, ndaze ndabona laa Ntsika inkulu yokuKhanya ingena yeza kuwe, yakuthabatha ikususa esithebeni seNkosi, waze wabheka eNtshona.” Ngokuba

wayehleli kwicala langaseMpuma endikhangele ndisiya eNtshona, kwaze oku kuKhanya kwangena kwandikhupha.

⁹⁴ Wathi kwakukusasa, njengokuba wawunjalo embonweni. Wangena ebhedini, malunga nentsimbi yesithathu okanye eyesine ekuseni, into elolo hlobo, wakubona oku kusenzeka. Waza wathi wakhwaza, kukhangeleka njalo, iintsuku, “Mzalwana Bill, buya!” Kwaye uRoy kunye nam besihleli singabazalwana benene. Sihlala kunye, sizingele kunye, kwaye singabantakwe benene. Kwaye wa—wakhwaza ebiza mna, wade warhwexelwa lilizwi emqaleni, “Buya! Mbuyiseni! Mbuyiseni,” ekhwa. Wathi mna... Nantso isiza loo Ntsika yoMlilo ibuya, okanye iLifu libuya, laze Landihlalisa entloko etafileni, ndabe nditshintshiwe. Yayiyimfihlelo kuMzalwana uRoy, ukuba mna nditshintshwe, ndikhangeleke ngolunye uhlobo. Ndibeka *oku* apha ndisenzela okuthile endifuna ukukukhumbula, “ukutshintshwa.” Xa ndandimnika ingcaciso yalo.

⁹⁵ Ngoko kwakungaphambi nje kokuba ndibuyele aMatywina aSixhenxe. Ndathi ndakubuya ndisizela aMatywina aSixhenxe, ngoko mna... Ngenye intsasa wahlangana noBilly, wabe efuna ukuthetha nam. Ndandixakekile, ndisemthandazweni ndithandazela aMatywina aSixhenxe. Waze wandixelela nge... Yenzeka loo nto kwakhona, yaze yaphinda kwakhona. Mzalwana Roy ukuba andikuchazi ngendlela oku, u—uze undizazise. Kwaye wathi wa—wavuka kwakhona, ku—kusasa, ndiyaqikelela kusesekuseni kwakhona, ngentsasa. Naku ejonga apho kwelo gumbi waze wabona oku kuKhanya kukhulu okanye iLifu liphezu kwentaba. Wandibuza, kungekudala kwixesha elidlulileyo, “Ingaba bekukho into malunga neLifu liphezu kweNtaba,” ndaze ndathi... “eBhayibhileni?”

⁹⁶ Ndaze ndathi, “Ewe, ngethuba uPetros noYakobi, noYohane bathatyathwayo benyuswa, laze iLifu lagubungela iNkosi uYesu. Waze—waze uThixo wathetha, wathi, ‘Lo nguNyana waM oyintanda.’” Ndake ndashumayela ngaloo nto apha, kungekudala kwixesha elidlulileyo. Umyalezo omncinane, abazalwana bamakhasethi basenokuwuqonda, *Mveni Yena*. Ndiyaqikelela mhlawumbi ninawo ekhasethini. Ndiqinisekile.

⁹⁷ Waze wathi wenyuka waya phezulu entabeni. Wathi akwenza njalo, ndandimi apho. Laze iZwi leza livela kwelo Lifu, (Kwakungenjalo, Mzalwana uRoy?) lathetha into elolu hlobo, “Esi sisicaka saM. Kwaye ndimbizile ukuba abe ngumprofeti wesi sigaba sexesha, ukuba akhokele abantu kanye njengokuba wenzayo uMosisi. Kwaye unikwe igunya, ukuze abe nokuthetha into ibekho.” Okanye into elolo hlobo, njengokuba wenzayo uMosisi, njengokuthetha impukane. Kwaye siyazi malunga nonomatse basemithini, njalo njalo, nezinto esele zenzeke kade. UHattie Wright omncinane phaya emva, ndiyacinga ukuba niyazi ukuba kwenzeka ntoni na endlwini yakhe. Kwaye Wamxelela ukuba ndenze oko kwenziwa nguMosisi.

⁹⁸ Ke ngoku wandixelela loo nto, ndisihla emva ko—kohambo lwam. Kwaye engqondweni yam, ndandigqibile ukuba ndizakuphuma ndiye kwaBud, ngokuba ekwimo embi apho ngokomzingeli.

⁹⁹ Phambi kokuba ndimke apha...Ndisenokujula oku, size sikhawulezise. Ndiphuphe iphupha elisisimanga, iphupha elingaqhelekanga. Kwaye ndiyathemba, xa usibali wam ethe wadibana noku, akusayi kumkhubekisa. Kwaye ndiyathemba andiyi kuyenzakalisa inkosikazi yam, ehleli apha ngoku. Kodwa iyayazi lento. Malunga neenyanga ezininzi ezadlulayo, ukuya phambili, ke, kwakumalunga no-Oktobha okanye uNovemba, ndaphupha ukuba nda—ndandijikeleza phandle ebumnyameni, ndaze nda...Ke, nda—ndandingenandawo ndinokuya kuyo kungekho namntu undikhathaleleyo, kwaye ndandingumngqibi, ndi—ndingumngqibi nje. Ndabe ndigodola, ndakhangela phaya mgama ndabona umlilo. Ndathi ndakufika apho, yayi—yayiyindawo yokulahla inkunkuma yesixeko, kwaye babenezigingqi wabe umlilo ukwezi zigingqi. Kwaye phakathi kwezo zigingqi, kwakukho indawo emtyibilizi, apho abangqibi banokulala khona, ukuzigcina beshushu, bangabi nakoma yingqele, phakathi kwaloo mililo, ngobusuku obubandayo basebusika. Ndabe nda—ndandigodola. Kwaye nda—ndahamba ndaya kulo mlilo, ukuba ndifudumale, wawulapho uzele ngabantu abangabangqibi. Kwaye babe... Andizange ndibone namnye kubo, koko bonke bakhangeleka ngathi baneezitali okanye indawo apho iindawo zabo zokulala zazikhona. Ndaze ndabona apho usibali wam uFletcher Broy.

¹⁰⁰ Kwaye uFletcher, indlela endimkhumbula ngayo. Ungumntwana olungileyo. Kodwa oku kusenokuba sisifundo kubantwana abaselula. Ndikhumbula kwiminyaka embalwa edlulileyo, umfana omhle, uJames Fletcher Broy, waze wazihlanganisa neqela elingalunganga, waqalisa ukusela. Ndikhumbula endibiza ngaphaya komdiyadiya endlwini yam. Kwaye uyise sewahamba waya eBuqaqawulini, kwiminyaka eyadlulayo, wayelapho phandle edlala ikitala, “Entabeni ekude kwema isiphambano.”

¹⁰¹ Waze uFletcher wandibiza esithi, “Mzalwana Bill, ndithandazele. Mamela ela culo utata alidlalayo, kwaye bendisela namhlanje.”

¹⁰² Ndathi, “Fletcher,” inkwenkwe emalunga neshumi elinesibhozo leminyaka ubudala, ndathi, “musa ukuhamba ngaloo ndlela.” Kodwa akazange aphulaphule. Waqhubela phambili. Waba ngongenakuzinceda ngokupheleleyo kwiziyobisi. Yaze inkosikazi yamshiya, nabantwana bakhe, kuyinto nje ngale yure...Kwaye uThixo uyazi ukuba ndiyamthanda.

¹⁰³ Ndaya kumthandazela, ingumngqibi nje. Ndaya kumthandazela, apha kungekudala kwixesha elidlulileyo, wenzakala ngethuba endandilapha ndizele aMatywina aSixhenxe. Ndathi, “Fletch, ndineesuti ezimbalwa phaya phezulu endi—endingathanda ukukunika zona.”

Wathi, “Musa ukuyenza loo nto, Mzalwana Bill.”

Ndaze nda—ndandisazi ukuba wayengenampahla. Ndaze ndathi, “Kutheni ungazithathi nje iimpahla?”

Wathi, “Ah-ah.” Waze wakhangela phezulu kum, “Yabona, uyazi ukuba ndingenza ntoni na ngazo. Ndingazitshintshisa ndifumane isiselo.”

Ndaze ndathi, “Ndizakunika intwana yemali, Fletch.”

¹⁰⁴ Wathi, “Hayi, musa ukuyenza loo nto, Mzalwana Bill. A—A—Andifuni ukuba uyenze loo nto.” Ungumfo ngenene, ngentliziyo, kodwa ube ngumngqibi owoyisiweyo ziziyobisi. Kwaye i—inkosikazi yakhe ithabathe indlela engeyiyo. Kwaye, owu, yonke into nje imehlele lo mfo ulusizana.

¹⁰⁵ Ndaze ndathi ndakuvuka, phambi kokuba ndivuke, uFletch wathi kum, wathi ephupheni, wathi, “Billy, ndi—ndizakuzingelela indawo, Mzalwana uBill. Wabondla abantwana bam xa babelambile.” Wathi “waba ngutata kubo. Ngoku ndizakufumanela indawo apha ukuze ufudumale.” Saze sahamba kwezo ndawo zabangqibi sade ekugqibeleni safika kwindawo ethile, wathi, “Ndizakuhlala phantsi apha.”

Ndaze ndathi, “Ndizakunyuka apha ndibone ukuba ndingayifumana na indawo.”

¹⁰⁶ Ndeza ndenyuka, ndakhangela phandle ebumnyameni, ngobusuku obubandayo. Ndaze ndacinga, “Yicinge nje. Ngaxesha lithile, uThixo onamandla Onke wandenza ukuba ndikhocele iBandla elaKhe. Ngaxesha lithile, Wandenza ndashumayela iVangeli yaKhe ndabona imiphefumlo isindiswa. Amadoda nabafazi beza bevela kwihlabathi jikelele, ukuza kuthetha nam imizuzu embalwa. Naku ndilapha ngoku, ndilingqiba, kwaye akukho mntu undifunayo. Ndiyagodola. Ndimelwe kukwenza ntoni?” Ndaza ndothuka.

¹⁰⁷ Ndaxelela inkosikazi yam, ndathi, “Mhlawumbi kuthetha ukuba uFletch uneentswelo.” Ngoko sangxama, ukuya kumkhangela. Waze umntakwabo wamfumana. Wayehlala apha phandle kwa-Weidners. Apho phandle apho bane . . . bathengisa ngamahashe nezinto ezinjalo; alale ekoneni yesitali okanye into elolo hlobo. Ndaqhubela phambili. Ndacinga, “Ke, mandiyiyeke nje idlule.”

¹⁰⁸ Ngoko ndabuya ndehla ngoku ndivela eCanada, kunye noFred nabanye, ngenye imini. Kwaye engqondweni yam, ndandigqibile, “Ukuba aba bantu abawufunanga kuwuva uMyalezo wam, kulungile, bebengamelwe.” Ndishumaye

ngoku isithuba samashumi amathathu anesihlanu eminyaka. Kwaye kule minyaka yokugqibela ilishumi elinesihlanu ukuya kwishumi elinesibhozo andizange ndenze nto ngaphandle kokwenzela iNkosi. Ndizame ukuphila kufutshane kangako kuYo ndize ndingathethi lizwi ide Indixelele kuqala yonke into.

¹⁰⁹ Abantu bathi, “Ngoku ukuba uMzalwana uBranham usixelela ukuba uyeza, khumbula, khangelani inkonzo, ngokuba uza eGameni leNkosi. Akasayi kwenza nto ide iNkosi ixele. . .” Injalo loo nto. Ndiyalinga ide Indixelele. Andizange ndishukume ide Indixelele. Yaze ke Yafikelela, kwiinyanga ezimbalwa ezidlulileyo, Ayizange indixelele nto malunga nendawo emandiyi kuzo.

¹¹⁰ Ndaze ndehla ndivela eCanada, waze uFred wandixelela. . . Okanye uMzalwana uRoy wandixelela iphupha lakhe, njengokuba yena nam noMzalwana uBanks sasikhwele sihamba kunye, kanye nje phambi kokuba sahlukane.

¹¹¹ Kwaze kwathi ngosuku olulandelayo sehla saya kwaMzalwana Fred. Nonyana wakhe, uLynn, wayengekho ekhaya, ngoko akazange akwazi ukuhamba nathi. Yena nenkosikazi yakhe bamelwa kukuba balinde. Wathabatha inkosikazi yakhe e-Rosewood. . . okanye eMelrose, eSaskatchewan.

¹¹² Waze uBilly nam seza ngenqwelo enkulu kaMzalwana uFred. Ngobo busuku sahamba phantse ubusuku bonke, kwaze ngosuku olulandelayo. Kwaze kwathi ngentsasa elandelayo sabe siyishiyile iHelena, eMontana, saye sisiya ngasemdeni.

Ndaze nda—ndiyahlala kude kube malunga neyethoba, ndize ndozele. Kwaye uBilly, ufuna ukulala kude kube yeyeshumi ngosuku olulandelayo, kwakuvela ukukhanya kwemini, ngoko oko kwenza ukuba kulunge kakhulu kuthi ukuhamba.

¹¹³ Ngoko nda—ndavuka malunga nentsimbi yesine ndaze ndaqalisa, ukuqhuba, waze uBilly walala. Saya kufika kwindawo ndandicinga engqondweni yam, “Uyazi yintoni? Ngolunye lwezi ntsuku, nje ukuba bendinokufumana inkosikazi ize apha. . . Kwaye andiyikuyixelela into endizakuyenza. Kodwa ndizakunyuka ndize apha, ndize ke ndiyixelele, ‘Ndiyithanda kakhulu le ndawo, akukho mfuneko yokuba siye nakweyiphi na enye indawo. Masihlale nje apha.’” Kwaye apha kukude kwimpucuko, ishumi elinanye lamakhulu eemayile ukusuka naphi na. ‘Yabona? Kude lee entlango. Ndacinga, ‘Ayisayi kuba yinto elungileyo leyo! Akuyi kufuneka ndiphungule zinwele, kwaye a—a—akusayi kufuneka ndinxibe. Ndiyakuba ngumntu o—oqhelekileyo wasezintabeni, lento ndandihleli ndifuna ukuba yiyo.’ Ndaze ndathi, “Ndandinemipu, kwaye abantu abathile babendipha, kwaye ndiyakuba ngumkhokeli wasehlathini ongazange uve ngaye. Ndiyayithanda nje loo nto. Ngoko iNkosi iyakundixelela ukuba ndihle ndixelele umntu othile into

ethile, ndiyakubaleka ndiphume ndikuxelele ndiphinde ndibuye kwakhona. Kwaye ndiyakumnceda uBud, kwaye siyakuba nendawo eyiyo ngenene.” Ndandicinga ngaloo nto.

¹¹⁴ Saya kungena kwivenkile yokudla, ukuba sidle, indawo encinane esezintabeni, malunga nje nentsimbi yesixhenxe. Lalisiya limka kancinane ixesha, ngoko ndamvusa uBilly. Sasiphelelwe ngamafutha enqwelo, koko kwafuneka ukuba sifumane amafutha enqwelo. Saze saya kungena kule ndawo incinane, le venkilana yokutyela. Kwaze kwathi silapho, indoda ethile yanquma isitrato isiza, mhlawumbi indalana kancinane kunokuba ndandinjalo, kodwa yakhangeleka njengendoda, kum. Yayinxibe ii-avalolo, ibhathi ye-avalolo, izihlangu zokukhwela amahashe, nomnqwazi omnyama, amabhovu emade ebusweni bakhe *ngolu hlobo*, emhlophe okwekhephu, iinwele zakhe zivele ngaphantsi, emva emnqwazini wakhe. Ndacinga, “Okokukhangeleka okwendoda.” Hayi ethile ethambileyo, enqenayo, enesaga emlonyeni wayo, *esingaka* ubude, ihleli inxibe ibhulukhwe emfutshane, ijikelezana nendawo ethile yomthunzi okanye iqula lokuqubha, usisu-sikhulu othile waseMpuma, onjalo. Uxolo ngaloo ngcaciso. Kodwa, nakanjani na, laa mfo, wakhangeleka ngokwendoda, kum; omelele, egadalala. Wakhangeleka ngokungathi wayehlala apho uThixo wayenzela ukuba ihlale khona indoda. Kwaye ndandimbukela.

¹¹⁵ Wangena apho kuloo venkile yokutyela wabiza amaqebengwana abhakwa epanini. Kwakukho malunga neshumi elinesihlanu, amashumi amabini abantu. Kwafuneka ethimle. Kwaye uyazi abanye abantu bayakuthi... [UMzalwana uBranham ukuthimla ngokuzekelela—Mhl.] Uxolo. Kodwa wakhupha okukhulu okusempilweni, ukuthimla kwasemahlathini, “Hi-thsiya-a-a-a!” Bethu, kwakhangeleka ngathi ifestile zidubule. Wathi akutsho, akwabakho mntu unokuthetha nto. Hayi, mhlekazi. Ndathi, “Billy, nantso indoda engantliziyo yam.”

Wathi, “Awu, tata ufuna ukufana ne... ”

“Okok, ndim lowa kwixa elizayo.” ’Yabona? Ndathi, “Ndim lowa.”

¹¹⁶ Ndaze ndahlala apho umzuzwana, waze uBilly wandijonga phezulu waqhubela phambili nokudla amaqebengwana akhe, ndabe mna—mna ndiwagqibile awam. Kwimizuzu embalwa, umntu othile, kwindawana yamaplanga yokuthengisela ekujikeleni apha phambi kwethu, ephethe amaplanga *angaka*, umva wendlwana yokuthengisela yamaplanga, ndandingaboni ngaphaya. Kwaphakama indoda, eyayikhangeleka ngangam, imalunga namashumi asixhenxe anesihlanu eminyaka ubudala, umfo nje omncinane. Impahla zakhe ezijijele kuye, edlakadlaka. Kwaye itshomi eyayiphakame kunye naye yayinguFletcher Broy, kanye, iinwele ezingwevu zijinga ebusweni kuye. Waza

uBilly wabhekebeheka, wathi, “Tata, lo mntu ukhangeleka ngathi nguwe noFletcher.” Ungaqikelela ukuba ndaziva njani na. Kwaye loo mfo mncinane, wayekhangeleka ngathi ndim, elixekeke nje. Wena... Ekumeni ecaleni komlilo wasezinkampini, benomsi kubo bonke, ubuso babo bumdaka. Ndinga ukuba isidlo sabo sakusasa, bebonke, la madoda inokuba ahlawula amashumi amabini eesenti, mhlawumbi ngekomityi yekofu okanye into elolo hlobo. Intliziyo yam yaxhuma ngaphakathi kwam. Ndaze ndakhangela. Waze uBilly wathi, “Yintoni eyenzekayo kuwe?”

Ndathi, “Akukho nto.” Ndaze ndayibukela loo nto, aza ajikela ahamba aphuma.

Wathi, “Tata, kwenzeke ntoni?”

Ndathi, “Akukho nto.” Waze wangena emotweni. Ndathi. . .

Wathi, “Ungaqhuba kwakhona?”

Ndathi, “Hayi.”

Wathi, “Ndisozela.”

¹¹⁷ Ngoko wayakulala, ndaze ndaqhuba ndibalekisa ndisihla ngendlela, malunga namashumi amahlanu anesihlanu eemayile ngeyure, kwinqwelo enkulu, ngaphaya kwentaba, ndisiza ngase—ngasemdeni, ukuhla ukuya... Sisiza ekhaya e-Arizona, kodwa ndandingena e-Utah. Ndathi nje ukuba ndingene apho, ndisihla ndiphuma ezintabeni, malunga namashumi amabini eemayile ukusuka esixekweni, njengokungathi... Nakhe nayiva, njengokuba bendinixelele ngalaa ntsasa malunga nonomatse basemthini, nazo zonke ezi zinto, indlela ekuthi ngayo into ethile. . . Kwabakho umntu othetha nam, iZwi lifana nje nokuba nisiva eli lam. Ndiyazi ukuba loo nto ivakala njengempambano. Kodwa njengokuba sendigqibile ukucacisa, “Ndakhe ndanixelela nantoni na engeyiyo eyinyaniso?” Laze i—iZwi lathetha. Ndandithetha naYe.

¹¹⁸ Lathi, “Qhuba ngamacebo akho, kwaye uyakuba njalo.”

Ndathi, “Nkosi, andifuna ukuba lolwa hlobo.”

¹¹⁹ Yathi, “Inkosikazi yakho izakuhamba, nayo. Ayisayi kuhlala phaya ezindulini ngoluya hlobo. Kwaye uyakuba ngumngqibi njengokuba iphupha likubonisile ukuba uyakuba nguye.”

¹²⁰ Ndathi, “Andifuni kuba yiloo nto, kodwa i... A—A—Andifuni ukuba nobomi obunjalo. Ndi—Ndifuna ukwenza into ethile eyahlukileyo. Kodwa ndi—ndixelelwe ukuba—ukuba Wena undibizile ukuba ndibe ngu—ngumprofeti, kwaye ndifuna ukuphila entlango njengomprofeti.” Kodwa ndandisebenzisa ukuzithethelela ukuze ndibe nokuzingela; oko kulungele mna ke.

¹²¹ Waze Yena wathi, “Kodwa yayingabaprofeti beTestamente eNdala abo. Ubizelwe ukuba phaya kwisikhundla

esiphezulwana kakhulu kunoko.” Wathi, “Unezipho ezingaphezulu ngaphandle koko. Wabizelwa ukuthandazela abagulayo nokushumayela iVangeli. Kwimo yabapostile, wazi—wazi izinto ezinkulu ngaphezulu, izipho ezininzi ezikhulu.” Wathi, “Kutheni ufuna ukulindela kuM ukuba ndikushukumise ngalo lonke ixesha uhamba? Uphi umvuzo wakho?” Ndaze ndabona. Kwakhona wathi, “Uyakhumbula?” Ndanixelela...?... “Uyakhumbula ukuba uMzalwana Robertson wakuxelela ephupheni lakhe, okanye kumbono? Ukuba wenza njengoMosisi. Ukulibele ukuvakalelwa kwabantu bakokwenu. Ululibele ubizo eNdikubize ngalo.”

¹²² Ndaze ndayeka abagulayo balala. Ndifuna iNkosi indixelele ukuba ndiyephi na nokuba ndingayi phi na. Yimposiso leyo. Ndazakhela uloyiko, ngenxa yokuba abantu bengawukholelwa uMyalezo wam. Kwaye uyakuthi...Kwaye Thixo makube le ukuba ndizame ukuthelekisa ubomi bam ngoku njengoMosisi, kodwa wenza loo nto kanye uMosisi. Abantu babengenakumphulaphula ngethuba wayesakubahlanguka, ngoko wasuka wabayeka waya kungena entlango, kodwa uThixo wamjika wambuyisa. Kwaye wayeselibele kudala ngeentlupheko zabantu.

¹²³ Ndaze ngoko ndathi, “Nkosi, ukuba...Bendingathini, kunjalo, ndingenamfundo, ndinemfundo nje yokubiza amazwi asesikolweni, ukuba nakho? Baze abantu beme emigceni yonke indawo, ukuza kumamela iVangeli elula.” Kokuthe chatha, kokukhulu ngakumbi kunokuba kwakunjalo phantsi koMnqophiso oMdala. Wehla eNyangweni wabapha izipho abantu. ‘Yabona? UYesu Kristu nguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Koko ndandithetha, ndaze ndaLiva lithetha nam. Laze Landishiya.

¹²⁴ Ndaze ndathi, “Billy.” Waye wayelele obude. Ndathi, “Billy, ingaba ibinguwe lowo?” Akazange othuke nokothuka.

¹²⁵ Ndaze ndacinga, “Nkosi Thixo,” ndayicothozisa inqwelo yam, “ingaba kuthetha ntoni oku?”

Ndaze ndathi, “Billy. Billy.”

Wathi, “Ufuna ntoni?”

Ndaze ndathi, “Nguwe lowo uthetha nam?”

“Hayi. Kutheni?”

¹²⁶ Ndaze ndathi, “Ndifuna ukukuxelela into. Ndiphuphe iphupha kungekudala kwixesha elidlulileyo. Uyakhumbula sibona laa mfo wayekhangela ngathi ndim noFletcher? Uze ubuze umama wakufika ekhaya eTuscon, ndamxelela eli phupha. Kwaye, Billy, kukho into eyenzekayo, Iyaqhubeka khona ngoku. Into ethile ithethe nam, kwaye be—bendicinga ukuba ibinguwe.”

127 Wandijonga ngokungaqhelekanga, walinda okomzuzwana, sasiqhuba sibheka phambili. Ngoko, kwimizuzu embalwa, waya kulala kwakhona. Ndandiqhuba ke ndihamba, ndicinga malunga nokuba kuthetha ntoni na oko? Ndiqhuba, endleleni kanye, kwaye, kwathi ngequbuliso, naLo lisiza lithetha kwakhona.

128 Waze Wathi, “Buyela! ANdikuxelelanga, ekuqalekeni, ukuba wenze umsebenzi womshumayeli wendaba ezilungileyo? Ngethuba eNdandikubizile, ezantsi emlanjeni, aNdizange ndithi, ‘Njengokuba uYohane umBhaptizi wayethunywe ukuza kwandulela ukuza kokuqala?’ Wayengenguye uYohane ongaphezu komprofeti? UYesu watsho, ngokwaKhe. ‘Naniphume nisiya kubona ntoni na, umprofeti?’ Wathi, ‘Ongaphezu komprofeti.’”

129 Kwaze kwaqala ukufika kum. Ndaqala u—ukumangaliswa. Waze Wandikhumbuza kwakhona nga—ngabantu. Indlela, ukwenza oko kwakusenziwa nguMosisi, wayenokufikelela njani uMosisi ebantwini esentlango? Kwaye bendinokufikelela njani ebantwini ndisentlango? Kanye kanye yinto enye. Kwaze ngoko kweza koku, kuTimoti weSibini 4. Niyakhumbula ngethuba sasinikezela inkonzo ngalaa ntsasa, kumashumi amathathu eminyaka eyadlulayo, abanye benu kumakhwaha, ngethuba Wandibonisa laa mithi ndaza ndayityala kumacala omabini? Niyayikhumbula loo nto? Niyawukhumbula umbono. Ubhalwe ezincwadini ukho nakumakhasethi nakuyo yonke into. Kwiminyaka eyadlulayo, indlela endazibona ngayo ezi zinto a— andize ndibuphazamise uBunye nobuTriniti. Ndema phakathi naphakathi apho ndayityala loo mithi, kwaye yayikukuphela kwemithi emibini eyayineziqhamo. Ndaze mna... Yonke imithi yakhula yakumashumi amathathu eenyawo. Yema le yenyuka yaya kungena eZulwini; iphuma ndaweni nye kwisebe elinye. ‘Yabona? Omnye ukwelinye icala omnye ukwelinye, ndaze ndayaphula. Niyawukhumbula umbono lowo. ‘Yabona? Ubhalwe ezincwadini kwaye ukwibali lobomi bam nako konke. Yaze yaya kufika phezulu eZulwini. Ngolu hlobo, ngokukhawuleza waze Wathi, “Phakamisela izandla zakho ukuba ufumane isiqhamo.” Ndaze ndafumanisa isiqhamo esinye emnqamlezweni, ndakuhla ndisuka apho. Waze Wathi, “Wenze umsebenzi womvangeli. Luzalise ulungiselelo lwakho. Kwaye kuyakufika ixesha apho bayakuthi bangayinyamezeli imfundiso ephilileyo.’ Musa ukubashiya ngoko. Hlala uhambela phambili.” Loo nto yafika yonke engqondweni yam.

130 Ndaze ndakhumbula lo Marilyn Monroe, intombazana endayibona isifa malunga neveki phambi kokuba ife, nendlela ekwathi ngayo bathi izibulele, ngethuba yayingazange. Ndabaxelela ngaloo nto, ngaphambili, ukuba kuyakwenzeka ntoni na, yaze yenzeka. Kanye njengokuba yenzekayo kwimbethi-manqindi phaya phezulu; enye yayizakubulawa

yenye. Ndiyiphazamile loo ntombazana. Kukho enye intombazana apho, umzala wayo ngu—ngu—nguDanny, Henry. Ngubani igama layo? NguJane Russell. Umzala wayo, ngumfana womBhaptizi.

¹³¹ Ndandishumayela eLos Angeles kwisidlo sakusasa saMadoda angoSomashishini. Yaze into ethile apho ephakathi kwaloo mibutho, kwakuhleli amadoda azintloko e-Assemblies, nabahloniphekileyo abaninzi ababehlangene apho. Ndathi ndakugqiba ukuthetha ndiqalisa ukushiya iqonga, ndizilungiselela. . . Kuba, uMyalezo wawuthunyelwa kwi—kwi—kwisizwe sonke ngonomathotholo, kufanele ukuba nditshintshe kwakona. Kwathi ngelo xesha lokutshintsha, xa babemcima unomathotholo, ngoko, ukuba bakhuphe loo Myalezo, baze babuye basasaze eso sikhululo. NdandiseClifton, apho sasisidla khona isidlo sakusasa. Ndathi ndisahamba ndisuka kwiqonga eliphezulu ukuya kwelisezantsi, umfo oselula omhle omalunga namashumi amathathu eminyaka ubudala, wabaleka esiza wajula iingalo zakhe ngapha kwam. Wathi, “NdinguDanny Henry.” Ndingazi ukuba yayingumntakwabo owayenza imifanekiso bhanya-bhanya. Kwaye, u, nguye othabatha imifanekiso bhanya-bhanya apho esenzela loo Madoda angoSomashishini abaNingamakristu. Kwaye nguJane Russell, lowa udlala kwibhanyabhanya, ngumzala wakhe. Unina wakhe ungumshumayeli wenkonzo yakwaMoya.

¹³² Kwaza kwathi ngoko bakuqalisa ukundikhupha, wabe yena ephosa izandla zakhe ngaphaya kwam, wathi, “UTHixo akusikelele, Mzalwana Branham.” Wathi, “Ndiyathemba oku akuvakali njengokuhlambelayo, kodwa, kokwam ukubona, laa Myalezo ungasisahluke sama-23 seSityhilelo.” Wathi akuthetha loo nto, waqalisa ukuthetha ngeelwimi. Umfana ongazange eve nokuva ngento enjalo, engumBhaptizi ngokwehlelo. Kwaze kwathi nje ukuba. . . Wajika wamhlophe, wakhangelela kum. Wayengayazi into amakayenze. Kukho amadoda ahleli apha awayekho. Wawukho, Fred? Bangaphi ababekho ngelo xesha? Ewe, bathathu abalapha, ababekho ngelo xesha. Wayengayazi into amakayithethe.

¹³³ Kwakukho umfazi omkhulu kakhulu womFrench owayehleli apha phantsi. Waphakama, wathi, “Kuba, loo nto ayiswele kutolikwa. IbisisiFrench esisulungekileyo.”

Loo mfana wathi, “Andazi negama elinye lesiFrench.” Waze loo mfazi wayibhala phantsi into abeyithethile.

¹³⁴ Kwaye ngoko kwakukho indoda eyayihleli ekoneni, yathi, “Yinyaniso leyo. Ndiyibhale phantsi le nto ebeyithetha, sisiFrench.” Phaya emva kakhulu, onentloko egwangqa, umfo okhangeleka emhle emi ayame ngodonga, weza ngaphambili wazithelekisa ezo zinto zazibhaliwe. Wayeyitoliki ye-U.N. yesiFrench. Yaze le ndoda ingapha yabe inguVictor LaDeaux,

webandla lase-Arne Vick phaya, waze wayibhala. Kwaye ndinayo indlela eyatolikwa ngayo.

¹³⁵ Phulaphula oku, ukuba ndinokunifundela yona.

Mna, Victor LaDeaux, ndiyindoda engumFrench ongangxengwanga; uMkristu ozelwe ngokutsha, ndizaliswe nguMoya oyiNgcwele. Idilesi yam yile 809 North King Road, Los Angeles 46. Ndingena kwiBethel Temple, kuMlungiseleli u-Arne Vick, umlungiseleli. Ukutolikwa okuyinyaniso ndiyakwazisa, kwesiprofeto esathethwa kuMzalwana uBranham, sikhutshwa nguDanny Henry, ngesiFrench ngoFebhali umhla we-11, 1961, kwisidlo sakusasa saMadoda angooSomashishini beFull Gospel. Ukutolikwa okuyinyaniso kweso siprofeto.

¹³⁶ Ngoku naku eSasikuthetha:

Ngenxa yokuba ukhethe indlela emxinwa, indlela enobunzima, uhambe ngokuzinyulela. (Ngoku, ndiyayibona loo nto. UMosisi kwafuneka ezikhethele, naye. 'Yabona.)

Ukhethe indlela eyiyo nechanekileyo, isigqibo esichanekileyo, kwaye YINDLELA YAM leyo. (Uqaphela, "YINDLELA YAM," uMoya oyiNgcwele ephendula.)

Ngenxa yesi sigqibo sifike ngexesha, inxenye enkulu yeZulu ikulindele . . . ilindele wena.

Sisigqibo esilunge kangakanani . . . (Ngoku phulaphulisisa) . . . Sisigqibo esizuke njani osenzileyo. Oku kukodwa kuko okuya kwenza, kwaye kwenzeka, uloyiso olukhulu ngothando oluNgcwele.

¹³⁷ Uyaqaphela, sisenzi ngaphambi kwenjongosenzi. 'Yabona, isiFrench. Ngoku itoliki ye-U.N. yatolika loo nto. Kwaye laa mfana akazi negama, akazange eve—akazange eve ngento enjengokuthetha ngeelwimi. WayengumBhaptizi. Kwenzeka nje ukuba angene apho, waze weva umculo, waze wathi . . . wenyuka waya apho wema apho ukuba andiphulaphule ndishumayela.

¹³⁸ Ngoku, "kuthando oluNgcwele," uthando oluNgcwele. Kungathini oko ukuba luthando oluNgcwele ukuba akunguye—akunguye uMoya oyiNgcwele? UMoya oyiNgcwele uluthando oluNgcwele.

¹³⁹ Ngoku, njengokuba uBilly kunye nam sasisihla ngendlela, 'yabona, saqalisa ukuhla ngendlela, uBilly waya kulala kwakhona. Laze Lathi, "Ndiyakukunika umqondiso ongenasiphelo."

¹⁴⁰ Ndaze ndathi, "Nkosi, yintoni . . ." Ndalinda okomzuzwana akwabikho nto yenzekayo. Ndathi, "Yintoni umqondiso ongenasiphelo, Nkosi?" Ndaze ndalinda imizuzu embalwa. Kwaze kwathi ngoko ndakhangela ngaphaya ukuba ndibone uBilly; wayelele.

141 Yaze Yathi, “Ndizakunikisa umqondiso ongenasiphelo,” kwakhona Yathi, “Khangela ngaseNtshona kulaa ndawo ubukuyo.”

142 Ndaze ndayijika intloko ngolu hlobo enqweleni enkulu, ukuba ndikhangele; ndayekelela, uyazi. Kwaye, owu, bethu, uMoya weNkosi! Ndaziva ndingangakhala ndilile. Ndaze ndakhangele, ndaze ndabona nje intaba iinencopho ezimhlophe ngaphezulu. Ndathi, “Andazi, andiboni mqondiso ungunaphakade malunga nalaa nto.”

143 Yathi, “Igama lakho libhalwe phezu kwayo.”

144 Owu, ndacinga, “Yintoni leyo?” Ndaze ndaziva ndiphelelwa ngamandla kakhulu ndaqalisa ukumisa.

145 Wabe uBilly evukile wathi, “Yintoni ngawe?” Ndaze ndatsala izandla *kanje*, ukubila kusiwa esandleni sam, labe likhithika.

146 Ndathi, “Billy, kukho into eyenzekayo. Ngexesha elithile ndiyazi ukuba ndenze okuphosakeleyo. Ndiyazi ukuba ndisilele kuThixo.” Ndaze ndakhangeleka ngokungathi ndiva iculo liculwa, ndibona amawaka abantu abaxubileyo, iziqhwala, abangakwazi kuhamba, imfama, imilwelwe; ndeva ikwayala, izwi elikhulu elibalulekileyo, licula:

Okungcolileyo! Okungcolileyo! Imimoya
engcolileyo wayikhupha. (Niyalazi elo culo.)
Ngoko uYesu weza wakhulula amakhonkxwa.

147 Ndayibona imigca yabagulayo ingqengqe ndawozonke, kwafuneka ukuba ndime. UBilly wayengazi ukuba kwenzeka ntoni na. Ndaze ndakhangelela.

148 Ndaze ndema ukuba ndijonge phezu entabeni, ndaze ndazibona ezo nduli zisixhenxe. Ngoku, apha, ukuba ufuna ukubona into. Kwakukho iincopho ezisixhenxe phezu kwentaba, kwintaba ende, ehamba iqela leemayile. Intaba yokugqibela phambi kokuba uyekungena kwelinye ilizwe; akusekho zintaba emva kwaleyo. Kwaye yayisuka eMpuma ukuya eNtshona, intaba yeNtshona, kwaye yayizele likhephu ngaphezulu.

149 Iinduli ezimbini ezincinci zokuqala, kuze kubekho induli enkulu; kuze kubekho enye induli encinci, kuze kubekho induli enkulu; kuze kubekho induli encinci, kubekho enkulu, enkulu kunaleyo, ende, intaba ezele likhephu. Ndaze ndathi, “Nkosi, andiyiqondi ukuba ithetha ukuthini na le nto.”

150 Yathi, “Zingaphi iinduli eziphaya?”

151 Ndathi, “Zisixhenxe.”

152 “Ngonobumba abangaphi abakwigama lakho?” B-r-a-n-h-a-m, M-a-r-r-i-o-n B-r-a-n-h-a-m.

153 Kwaye kwakukho iinduli ezintathu eziqaphelekayo. Yathi, “Ezo nduli zezokuqala, eyesibini, namandla angawesithathu. Eyokuqala yayiyinxalenye yokuqala yolungiselelo lwakho.

Induli encinane; yaze eyokuqala yotsalo lwamandla, yabe inde kakhulu.” Uyazi, umqondiso esandleni. Kwaze kwakho ukuphumla okuncinane apho phakathi, ixesha endathathwayo ndisusa ekudinweni kakhulu. Abaninzi benu bayakhumbula. Kwaze kwafika ukucalula ingcingane, utsalo lwamandla lwesibini. Ngoku ndinolunye, kwiminyaka embalwa apha okwendulana ezincinane, ’yabona, ubuyela emva ngokungathi ulungiselelo alusekho, kwaze kweza eyesithathu.

¹⁵⁴ Isithathu linani lengqibelelo, ’yabona, olwesithathu, induli elandelayo yayisisihlanu, inani lobabalo. Yaze induli elandelayo yasisixhenxe, inani le—lengqibelelo, isiphelo. “Uyakusebenza imihla emithandathu. Umhla wesixhenxe uyiSabatha,” ukuphela kweveki, ukuphela kwexesha. ’Yabona? Ndaze ndema ndayibonisa uBilly loo nto. Ndaze ndazijonga.

¹⁵⁵ Yathi, “Loo nto, mayime loo nto. Ukuba kukhe kwakho ukuthandabuza engqondweni yakho, uyikhumbule le ndawo, ubuyele apha.”

¹⁵⁶ Kwaye uBilly endibetha emagxeni, wathi, “Tata, khangela ngaseMpuma!” Kwaye ukuba yenzeka njani na, andazi, kodwa kwakukho kwicala laseMpuma lendlela kwakukho indawo yokulahla inkunkuma evuthayo. Kwimayile ngeemayile ukusuka nakwisiphina isixeko, indawo endala yenkunkuma efumbileyo inkunkuma ilele apho kwicala lasekunxele lendlela.

¹⁵⁷ Ndibuyela entsimini. Amen. Ndimdala na okanye ndimtsha, ndiphilile okanye ndifile, ndiyakumthobela uThixo ndide ndikhululwe kukufa. Ndisilele eNkosini, ndingakhuthalanga. Ndinokuba ndiyenza... Ndizamile... Mandikubethelele oku. ’Yabona? Asekho amakhasethi ashiyekileyo? Mandikufakele oku. Bendiyifuna, bendifuna ukumbona uYesu Kristu ebonakalalisiwe ngaphandle kwesiphako. Kwaye abazalwana abeva la makhasethi, neli bandla malikhumbule, ukusukela namhlanje, isizathu sokuba nibe anibanga nazimpazamo, nesizathu sokuba yonke le minyaka akukho nto inye unokuyithetha eyakhe yathethwa okanye yenziwa ingenzeki. Ndimema nabani na ukuba azise nayiphi na kumawaka ezinto apha eqongeni, nokucalulwa kwengcingane, nokuxelwa kwangaphambili kwento ezimbini eziyakwenzeka; zenzeka unobumba ngamnye. Ngoku, ibandla liyakholwa yiloo nto, malithi, “Amen,” ukuze... [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Akukho nomntu omnye ehlabathini onokundibonisa ibenye. Kodwa ke makwazeke ebandleni apha nakwibandla elisemva kweli: Ukuba uThixo utyhala indoda mayihle ngombhobho, ize ingasuki konke ade uThixo ayixelele, akukho kholo ludibene naloo nto. NguThixo ekutyhala ukuba wenze into ethile. Kwaye ukuba kwakhe ulungiselelo lwaya kufikelela kwindawo apho kungekho mntu unokuthetha negama elinye ngokuchasene nalo. Kodwa ukusukela ngoku, mandithethe kuni eGameni leNkosi, phambi kokuba niphulaphula, ngokuba ndimelwe kukuphuma

ngokholo. Kufanele ndikwenze ngokholo oko, nokuba ndicinga ukuba kulungile na okanye akulunganga, okanye nantoni na. Ndenza okungcono kokuzinyulela kwam, ndize ngoko ndiyekukwenza. Ngokuba akukhange kube kuphosakele, kungenxa yokuba bendilindele ukuba ade Andixelele ukuba ndihambe ndiyokukwenza. Ndilindele kuYe. Ngoko ibingendim; ibinguYe.

¹⁵⁸ Kodwa, uyabona, noPawulos omkhulu oNgcwele ngokwakhe waba phakathi kweengxingwa ezimbini ngaxesha lithile. Kwaye ngamaxesha amaninzi uThixo uzenzile izinto okanye ayekele izicaka zaKhe ukuba zizenze, izinto ezazizimpazamo, ukuze abe nokuzibonakalalisa ezo zinto. Ngoku, siyayazi into yokuba abantu bangazenza iimpazamo, kodwa uThixo akanakwenza mpazamo. Kodwa ngoku ndingena entsimini, yokushumayela, ndize ndihambe ngondi—ndiyavuma, ngoko ndimelwe kukuba ndimisele iinkonzo kwangaphambili ndi—ndibeke izinto emgceci. Kwaye mhlawumbi eli lithuba elikhulu elizayo ebekade sililindele. Kwaye ngokuqinisekileyo ukuba “Oku ngokwako kuyinto enkulu eyakuthi yenzeke, ize yenziwe yenzeke, uloyiso olukhulu kuthando oluNgcwele,” kwaye oko kusisenzi ngaphambi kwenjongosenzi, ngoko luthando oluNgcwele, olunguThixo. ‘Yabona? Kwaye kuthabatha uthando lukaThixo ukuzijula phaya phandle kuluhlu oluphambili ume ethubeni ngenxa yabantu.

¹⁵⁹ Kwaye abaRicky noo Ricketta endithe ndabangxolisa ngaMazwi ndibabize ngokuba ngoo “Ricky” noo “Ricketta”, uThixo undinike ukuqonda ukuba andimelwe kukuyenza loo nto, ngokuba baninzi kubo abasengabantwana baKhe. Mna ndi... Abanakunceda ngokuba benza ngokwahluke kangako. Amanye ala madala, abandayo wezithethe amabandla anabo, loo moya uphezu kwabo, kwaye bakwenjani i—intolongo njengokuba uSirayeli wayesentolongweni, kanye njengokuba uMosisi wehlayo waya kubahlangula ebukhobokeni. Abantu ababethanda uYesu Kristu, benokuMkhonza ukuba nje bebesazi ukuba banoMkhonza ngantoni na. Kwaye basekukhonkxweni phantsi kobuhlelo ebaxelela ukuba, “Musani *oku*, ningakwenzi *okuya*.”

¹⁶⁰ Kodwa ubizo lukaThixo lalowo uyakuza, “Lowo ufuna ukumatsha aye kwiLizwe ledinga, makamatshe.” Sisendleleni eya kwilizwe leDinga. Amen. Mabeze, bamatshe. Sisendleleni yokuya kuhlangebeza uKristu kwixesha lesiphelo. Kwaye bendifuna ukuzisa oku kuni ukuze nibe nokubona, ndinibonise loo nto, impazamo anokuthi ayenze umntu, nangona enyanisekile.

¹⁶¹ UMosisi walahlekelwa kukubavela abantu bakowabo ngokuba babengafuni kumphulaphula. Kwaye, Mzalwana Roy, uyalibona iphupha lakho? Ke ngoku andinakuhamba, ndinolungiselelo olunjalo, ndide ndizive ngokwahlukileyo

entliziyweni yam ngaloo nto, akunamsebenzi nokuba uThixo undixelele na. Kodwa lolwa tshintsho olo Mzalwana Roy... ulubone lusiza. Into ethile imelwe kukunditshintsha, ngokuba mna, entliziyweni yam, ukuba ndithe ndaphuma ndaya phaya phandle ndiziva ngale ndlela ndiziva ngayo ngoku; ndiseva kungathi bebemelwe kukuwuva laa Myalezo, bebemelwe kukuba bayenzile loo nto. Kwaye andinalo uvelwano ngabantu ebendimelwe kukuba ndinalo. Ndide ndibe nolo velwano, akukho mfuneko yakuba ndihambe, ngokuba ndiyakuba ngumhanahanisi.

¹⁶² Kwaye yonke le minyaka ndizamile ukuMkhonza ngentliziyo enyanisekileyo, kwaye andiyi kuphuma phaya ndibe ngumhanahanisi. Ndimelwe kukuyiva loo nto, ukuba abaya asingo *Ricky* noo *Ricketta*, kwaye asileli *gquba*. Ngabantwana bakaThixo abasekukhonkxweni, endimelwe kukuya kubo. Ndide ndibe nokuziva ngolo hlobo, kuyakufanela nje ndilove nje apha, ndishumayeke ingqungquthela nje nezinto ezithile, kodwa ndilinde.

¹⁶³ Ndineculo elincinane. Andikwazi kucula. Ndingathanda nje ukunicaphulela lona. Bazalwana, ndilirhithize nje ukulibhala. Andikabi nalo liphelele. Alibhalwanga kakuhle. Andazi nokuba ndinganako na ukulifunda okanye hayi. Liculwa ngesingqi sika *Battle Hymn Of The Republic*, u "Glory! glory hallelujah!" Nakhe naliva. "Glory! glory hallelujah!" Bangaphi? Kakade, sakhe saliva sonke.

Umshumayeli wesekethe okhwele ihashe
wanqumla ilizwe,
Enompu emagxeni neBhayibhile esandleni
kuye;
Waxelela abantu basemathafeni ngeLizwe
leentsikelelo ledinga,
Ekhwele njalo, ecula.

Ukwayama, ukwayama,
Ukwayama ngengalo yaphakade;
Ukwayama, ukwayama,
Ukwayama ngengalo yaphakade.

Washumayela umgwebo ozayo womlilo
nesulfure;
NeZulu, nozuko lwabangcwalisiweyo bodwa.
Ekhwele enqumla intaba wawunokumva ecula
eli culo,
Ekhwele njalo.

Linamandla, amandla, amandla amangalisayo,
IGazi leMvana;
Linamandla, amandla, owu, amandla
amangalisayo,
IGazi elimangalisayo leMvana.

164 Umshumayeli omdala wesekethe. Niyamkhumbula.
'Yabona?

Ngoku umpu wakhe omdala ugqolile, ujinga
eludongeni;
IBhayibhile yakhe igugile inothuli, kwaye i . . .
ayifane ichathwe; (Injalo loo nto)
Kodwa uMyalezo Ewuzisayo wohlangana
nathi ngaloo Mini,
Kuba iNyaniso kaThixo isabheka phambili.

Sonke;

Uzuko! uzuko, halleluya!
Uzuko! uzuko, halleluya!
Uzuko! uzuko, halleluya!
Inyaniso yakhe isabheka phambili.

165 Ndizakulifunda. Bendimile kusanaje ngethuba
bendilibhala, ndabeka isandla sam phezu kompu wam ujinga
eludongeni. Ndacinga, "Akusazi kuba thuba lide."

Umpu wakhe omdala ugqolile, njengokuba
ujinga eludongeni, (injalo loo nto)
NeBhayibhile igugile inothuli, kwaye ayifane
ichathwe;
Kodwa uMyalezo wakhe ophuma kule
Bhayibhile . . . eMgwebeni ngeny'imini;
Kwaye iNyaniso yaKhe isabheka phambili.

166 INyaniso kaThixo ekule Bhayibhile! Ewe. UYesu Kristu
isekwanguye izolo, namhla, nangonaphakade.

167 Umshumayeli omdala wesekethe umpu wakhe unqamleze
emqolo, iBhayibhile yakhe isesandleni, ekhwele enqumla
ithafa, enyuke aye ngaphaya kweentaba, aze ehle kwezo
zigingqi nakuyo yonke indawo, eshumayela iMillenium
uphumlo lewaka leminyaka oluzayo, yokuza koMgwebo womlilo
kwabangemalungisa, eshumayela uBukumkani bukaThixo
kumalungisa. Nyhani. La Winchester indala iyagqola iyaphela.
NeBhayibhile, ba—baneencwadi zokwazana kwendoda nomfazi
endaweni yaYo. Kodwa iNyaniso kaThixo isaqhubela phambili.
UZenza abe yinene kangako namhlanje, ayiqondakalise loo
nto, njengoko wakhe Wanjalo. "INyaniso kaThixo isaqhubela
phambili!"

Uzuko! uzuko, halleluya!
Uzuko! uzuko, halleluya!
Uzuko! uzuko, halleluya!

168 Ngoba? Kukho umntu othile oyakuYithabatha. Kuba
uYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.
Masilicile kwakhona. Ngoku sixubene apha, amaWisile,
amaBhaptizi, amaLuthere, yonke enye into ngoku sisacula le

khorasi yokugqibela, masibambe isandla kumntu okufutshane kuthi, size sahlukane.

¹⁶⁹ Ke ngoku, khumbulani, nina nimelwe kukuya kumabandla angawenu, niye ngokuhlwa nje. Nindibulisele kumlungiseleli wenu. Nize—nize nindithandazele, nonke ngabanye. Kwaye kwakhona ndifuna ukuba nikhumbule, ukuba aninandawo ninokuya kuyo. . . [UMzalwana uBranham uthetha noMzalwana Neville, “Kwaye unganayo nantoni na.”—Mhl.] Emva komyalezo kaMzalwana uNeville ngokuhlwanje, ekubeni ekhuphe uMyalezo wakhe, ngoko ndifuna ukwenza ikhasethi elibizwa ngokuba *Isibane Esidanyazayo Sokuza Kwakhe*, 'yabona, ngokuhlwanje. INkosi inisikelele ngoku. Ukuze kwiveki elandelayo, ndiza, kwiCawe ezayo, iNkosi ithandile, ndisenokuhla kwakhona ukuza kwenza elinye ikhasethi, kuba ndimelwe kukuba se-Arkansas kule veke izayo.

¹⁷⁰ Kulungile, ngoku masilicile kwakhona, sibambane izandla ngoku.

Uzuko! uzuko, halelluya!
Uzuko! uzuko, halelluya!

Nkosi Yesu, sikelela ezi tshefu! . . . ? . . . [UMzalwana uBranham uyathandaza ngeli thuba ibandla lalicula—Mhl.] EGameni likaYesu Kristu, sibeka izandla phezu kwezi tshefu.

. . . phambili.

Makadunyiswe uThixo! Ngoku masithobe iintloko zethu okomzuzwana nje.

¹⁷¹ Ufike ngexesha kanye, Mzalwana uRuddell. Nyukela apha umzuzu nje uthandaze. UMzalwana uRuddell, ngomnye wabazalwana abangamadlelane ethu apha, wamabandla amancinane esidlelana nawo apha, kulo nkonzo-zonke. Kwaye ndivile ngokuma ngobukrothi kukaMzalwana uRuddell athe wakuthabathela i—ukuthabathela iVangeli. Kwaye ndi—ndiyakutsho oku, Mzalwana Ruddell, ukuba yonke into esendleleni. . . uThixo akathembisanga mandlalo wantyatyambo wokulula. Kodwa Wathembisa ngedabi, ewe, kodwa Wathembisa ngoloyiso. Nantso eyona nto.

¹⁷² Ndikhumbula xa ndaqala ukuthabatha eli nyathelo, nomama buqu notata bafuna ukundigxotha endlwini. 'Yabona? Kodwa, owu, bethu, indlela endathi ngayo ndababhaptizela eGameni leNkosi uYesu! Kuphela kwethemba endinalo namhlanje kungenxa yoko kuma. Ndivuya kakhulu ukuba uMyalezo weBhayibhile, osuka kumshumayeli omdala wesekethe ukuza kutsho ngeli xesha. . . Nangona abantu beWubambile baze baWuncwela jikelele, baze baWuncwela jikelele, baze benza amahlelo bafaka imigaqo nayo yonke enye into kuWo, kodwa iNyaniso isabheka phambili. Injalo loo nto. Isabheka phambili.

¹⁷³ UThixo anisikelele, ngabanye, kwaye siyathemba ukuba siyakunibona kwakhona kwakutshanje. Kude kube ngoko, ningandenzela le nceba inye ngoku, kokubini abalapha nabaphulaphule amakhasethi kananjalo, nina bazalwana? Nithandaze ukuba uThixo abeke entliziyweni yam laa nto ithile ndilahlekwe yiyo ngenxa yokwakuzoyikisela. Kulula kakhulu ukuba kwimo yokuzoyikisela.

Ndandinodliwa-ndlebe ngenye imini noMzalwana uWay ohleli apha, omi apha ngaphambili. Indoda elungileyo, kodwa wayezirhange ngokuzoyikisela, olunye uhlobo lokuzoyikisela, wenza kwa into enye. Mzalwana uWay, loo nto yenzeka lula nje; nguwe nje usiba nento encinane ethile engqondweni yakho, uhlale ucinga ngolo hlobo. Buyela emva uyihlole ngeSibhalo, ubone ukuba kunjalo na okanye hayi, uze ngoko uhambe apho uye phambili. Ewe. Musa ukulahlekwa kukuvelana nabantu. 'Yabona? Kufuneka ukhumbule abenziwanga ngomgubo wamaplanga. Bayinyama negazi, ngabantu bengumphefumlo. Nindithandazele, ninonke, ukuba ninako. UThixo anisikelele ngoku.

Sizakuthoba iintloko zethu sicele uMzalwana uRuddell ukuba anga . . .

¹⁷⁴ Uxolo? [UMzalwana uParnell uthi, "Mzalwana uBranham, ndinento endiyakuthanda ukuyithetha, iyakuthatha nje isiqingatha somzuzwana."—Mhl.] Kulungile, mzalwana. [UMzalwana Parnell ubalisa ngephupha athe waliphupha.] Makabongwe uThixo! Ngumlungiseleli lo. Kusenokubakho umntu ongayaziyo loo nto. Kwaye ebengomnye wela qela phaya, andikhange ndibe naxesha ngalentsasa ibilelinye lala maphupha, ebethetha ngam ndisiya kwelinye icala, 'yabona, ndisiya eNtshona, ndiphuma ndisiya eNtshona kweli xesha lidlulileyo. UMzalwana uJ.T. Parnell.

¹⁷⁵ Ngoku, kusenokubakho iindwendwe ezinokumangaliswa ngaba bantu baphuphayo, ngabaphuphi. Hayi, asiweli zonke iindidi zamaphupha nezinto ezinjalo, kodwa siyakholwa ukuba iBhayibhile yathi, "Kwaye kuyakuthi ngemihla yokugqibela, Ndiwuthulule uMoya waM phezu kwabantu; kwaye beyakuprofeta, babone imibono, baphuphe amaphupha." Kwaye okoko nje loo nto ikhokelela eBhayibhileni, ngumsebenzi wam ukukholelwa kuyo ndiyishumaye. Kwaye xa abantu bebalisa amaphupha, ukuba iNkosi ayiniki ngcaciso, siliyeka lidlule. Kwaye ukuba yinto ethile. . . Xa nabani na ethetha ngeelwimi, imelwe kukuba yinto eza ebandleni, imelwe kukwenzeka, kananjalo. Asenzi nje, ingangumoya ongcilileyo. Imelwe kukwenzeka, kuba ingcaciso yeelwimi sisi profeto. Siyazi ukuba injalo loo nto. Ngoko sizama apha ukuphila iBhayibhile kanye ngendlela Efundiswe ngayo. Asisusi nto kuYo okanye songeze nto kuYo, koko siYiphila ngendlela Eyiyo. Inkosi mayibongwe. Loo nto indincedile, Mzalwana J. T., ukuba

ndikholelwe kuloo nto... uThixo akandixelelanga ukuba ndiphume ngoku ndenzelelele kwisono; kodwa undixelele ukuba ndiphume nje ndiqhubele phambili ukusebenza. 'Yabona?

¹⁷⁶ Masithandaze ngoku. Mzalwana... [Kukho udade ebandleni okhalayo—Mhl.]... Kukho umntu ojubileyo. Umzuzu nje. Hlalani nizolo, wonke umntu. 'Yabona? [UMzalwana uBranham ushiya ipulpit ehle angene ebandleni.]

¹⁷⁷ Bawo waseZulwini, inceba nokuphila kwakho makube noMzalwana uWay eGameni likaYesu Kristu angangabuya. Mbuyisele, Nkosi, umnike amandla nempilo.

Ngoko ndincede, intliziyo yakhe iyaqala ukubetha kwakhona! Zolani, wonke umntu, nithandaze nje.

Nkosi Yesu, makuthi ukulunga kwaKho nenceba ibe phezu koMzalwana uWay, eGameni likaYesu Kristu.

¹⁷⁸ Kuphelile. Njengokuba ndimi apha kwesi sibingelelo, apho kukhe kwashunyayelwa khona imingcwabo. Kule ndawo ndimi kuyo apha, apho amakhulu abantu athe athandaza afikelela kuKristu. Ndifikelele, amehlo akhe ebetshonile, ukubetha kwentliziyo yakhe bekuyekile. Kuthe nje ukuba ndibize iGama likaYesu Kristu kwaze ukubetha kwentliziyo kwakhe kwabuya kwakhona. Mayibongwe iNkosi! Mayibongwe iNkosi! Njengomlungiseleli womnqamlezo, oko ndikuthetha eGameni likaYesu Kristu. AkanguYe omangalisayo? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ukuhlasela kwentliziyo. 'Yabona? Ndiyavuya ukuba kwenzeke kanye ngoku, endaweni yokulinda side simke. 'Yabona ubabalo lukaThixo? INkosi mayibongwe!

Masithobe iintloko zethu.

¹⁷⁹ Bawo waseZulwini, siyaKubulela ngoku ngokulunga kwaKho nenceba yaKho. Uhlala uphakathi kwethu njalo. Ndiphe, Nkosi, i-Oli esibaneni sam. Ndinike i—i—i—iNtonga yeNkosi, ukuze ndibe nokuYiphakamisa, phezu kwabagulayo nabaxhwalekileyo. Ukuze ndibe nokuzisa phezu... nokuzisa intlangulo kwabo basweleyo, nomgwebo kwabo baYalayo. Ndiphe oko, Bawo. SiyaKubulela ngokulunga kwaKho konke, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

Mzalwana uRuddell, uThixo akusikelele, mzalwana.



UKUMA ETHUBENI XHO63-0623M
(Standing In The Gap)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe kusasa umhla wama-23 kuJuni, ngowe-1963, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-1999 ngabe:

XHOSA

©1999 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org